Downloaded from Stanmorephysics.com

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda imiyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | ISihobe | (30) |
| ICANDELO B: | Inoveli | (25) |
| ICANDELO C: | IDrama | (25) |

4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, omNYE kwiCANDELO B, nomNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

ICANDELO A: ISIHOBE

IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI
UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: Ngumbuzo ONYANZELEKILEYO

ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

Phendula umbuzo omNYE.

ICANDELO C: IDRAMA

Phendula umbuzo omNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KWICANDELO B (INOVELI/UNCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA).

- Phendula KUPHELA imibuzo ekwiNoveli/Uncwadi Lwemveli nakwiDrama oyifundisiweyo.

- Phendula UMBUZO OSISINCOKO omNYE kunye NOMFUTSHANE ube mNYE.

Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisiti ukwenza oku.

Downloaded from Stanmorephysics.com


6. **UBUDE BEEMPENDULO**

- Umbuzo osisincoko kwiSihobe kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama ali-190–240.
- Umbuzo osisincoko kwiNoveli/Kuncwadi Lwemveli nakwiDrama kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama angama 340–390.
- Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

7. Landela imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kweCANDELO ngaliNYE ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela indlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ITHEYIBHILE YESIQULATHO

Le theyibhile yesiqulatho kulindeleke ukuba incede umviwa akwazi ukukhetha imibuzo afuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

### ICANDELO A: ISIHOBE

**Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI na imibuzo emiBINI.**

| | INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|---|
| 1. | Usana | Umbuzo omde | 10 | 6 |
| | | | | |
| 2. | Ingqina ezingela imiphefumlo | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| | | | | |
| 3. | Okuhle | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |
| | | | | |
| 4. | Isiqithi seentini | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |
| | | **KUNYE** | | |
| | | **Umbongo ongafundiswanga. Kunyanzelekile ukuba uwuphendule.** | | |
| 5. | Uhambo lukaMzilikazi | Umbuzo omfutshane | 10 | 12 |

**QAPHELA:** Phendula umbuzo omNYE OSISINCOKO nombuzo omNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

### ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

**Phendula umbuzo omNYE**

| | INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|---|
| 6. | *Inkawu idliw'ilila* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 13 |
| | | | | |
| 7. | *Inkawu idliw'ilila* | Umbuzo omfutshane | 25 | 14 |
| | | | | |
| 8. | *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 16 |
| | | | | |
| 9. | *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 16 |
| | | | | |
| 10. | *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 19 |
| 11. | *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 19 |
| | | **OKANYE** | | |
| 12. | *Ubuncwane boncwadi Lwemveli* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 22 |
| | | | | |
| 13. | *Ubuncwane boncwadi Lwemveli* | Umbuzo omfutshane | 25 | 22 |

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO C: IDRAMA

**Phendula umbuzo omNYE.**

| INANI LOMBUZO | | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|---|
| 14. | *Buzani Kubawo* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 25 |
| | | | | |
| 15. | *Buzani Kubawo* | Umbuzo omfutshane | 25 | 26 |
| | | | | |
| 16. | *Indlal'inamanyala* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 29 |
| | | | | |
| 17. | *Indlal'inamanyala* | Umbuzo omfutshane | 25 | 29 |

**QAPHELA:** KUMACANDELO **B** no **C,** qiniseka ukuba uphendule umbuzo **OMNYE OSISINCOKO** nombuzo **omNYE OMFUTSHANE**.
Nceda ungaphenduli imibuzo emiBINI ezizincoko okanye imibuzo emiBINI emifutshane.

**ITSHEKHLISTI**

Kulindeleke ukuba abaviwa baqwalasele itshekhlisti elandelayo ukuqinisekisa ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

| ICANDELO | | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | TIKISHA NGASEZANTSI |
|---|---|---|---|---|
| A | ISihobe (ISihobe esifundisiweyo) | 1–4 | 2 | |
| **KUNYE** | | | | |
| A | ISihobe (ISihobe esingafundiswanga) | 5 | 1 | |
| B | INoveli **OKANYE** Uncwadi lweMveli (Umbuzo osisincoko soncwadi **OKANYE** umbuzo omfutshane) | 6–13 | 1 | |
| | | | | |
| C | IDRAMA (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane | 14–17 | 1 | |
| **QAPHELA:** KUMACANDELO B no C, qiniseka ukuba uphendula umbuzo OMNYE OMDE nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye EMIBINI emifutshane. | | | | |

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: ISIHOBE

***IMIHOBE YESIXHOSA* – B Ngombane**

**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Ulindeleke ukuba uphendule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo OMNYE wombongo okanye isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongumbongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qiniseka ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

**IMIBONGO EFUNDISIWEYO**

Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI

**UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula umbuzo olandelayo.

**USANA – ZS Qangule**

Bubushushu bodwa emzini
Lupholile usana londile.
Zinxwaleko zodwa endlwini,
Luzolile usana lujongile.
Yincwina yodwa egumbini,
Luncumile usana lubukele.

Ulilela ntoni wakufika?
Akulili wena uyathetha.
Akugxwali wena uyazixela,
Ubomi kaloku sisandi
Ubomi kaloku ngumzamo,
Yiloo nto usana luhlabela.

Olo ncumo lumpuluswa,
Sibane sobomi bumbi.
Ezo nyembezi zehlayo,
Mfula wenzingo zempilo.
Oko kukhohlela ebusuku,
Sithonga sompu wotshaba.

Downloaded from Stanmorephysics.com


Lusana lwethu uluvuyo,
Ntandane kokwethu uluvalo.
Mbewu yekhaya uyabukwa,
Sithombo somzi uyoyikwa.
Sityalo uyimbiza yebhongo,
Siqhamo ukukutya okulumayo.

Tyhila ngokwezixhobo ezisetyenziswe kulo mbongo ukuba ukufika koSana emzini kwenza imeko yosapho ibe mbolombini, oko kukuthi luzisa imincili neenkxwaleko

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali- 190–240. **[10]**

**OKANYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo esekwe kuwo.

**INGQINA EZINGELA IMIPHEFUMLO – JJR Jolobe**

Ulindel' ukuba ndinyuke kuwe na, Ndlela ndini,
Ndikubona nje ukuba ungumnqantsa?
"Ikwayiloo ndlela eyahanjwa nayiNkosi,
Ngoko kufanelekile uyihambe."

"Lo mnqamlezo unzim' ungab' uza kuthwalwa ndim na?
Koda kubenini undihleli nzima?"
"Loo mnqamlezo' owalindela kwaneNkosi yakho
Usahleli, ulinde wena lowo"

"Iziphango nezaqhwithi zakufika futhi,
Ndothini na ukuba ndibe ndisahamba?"
"Elaa litha elakhanyisel' iNkosi yakho;
Khona ngoku ke liya kukhanyisa."

"Ndakuyoba, emka la mandlana endinawo,
Kukho msizi na owoza andincede?"
"Ewe. Kwanele Nkosi yakho yawaphiw' amandla;
Yona ke ngokwayo yokunik' amendu."

"Yakuphela ke le Ndlela ndiyihambayo.
Ndithenjiswa zinto zaluphi na uhlobo?
"Elaa Zulu elavulekel' iNkosi yakho,
"Elo Zulu lovuleka ke nakuwe."

2.1 Caphula umqolo otyhila ubunzima bendlela eza kuhanjwa yimbongi kwiStanza sokuqala. (1)

2.2 Ingaba imbongi iludale njani undindwano kulo mbongo? (1)

2.3 Ngqina ukuba lo mbongo ngumbongo ntyilazwi ngokomxholo. (2)

2.4 Nguwuphi umyalezo odluliswa yimbongi kulo mbongo? (2)

2.5 Chaza izinto zibe MBINI ezingumceli mngeni kwindlela ehanjwa sisithethi ngokwesitanza 3. (2)

2.6 Ucinga ukuba esi sicatshulwa sombongo siphumelele ukudlulisa uluvo lokuba emva kwamanzithinzithi obunzima bendlela kukho ithemba lokuphumla. Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**OKANYE**

## UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda isicatshulwa sombongo esingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**OKUHLE – ZS QANGULE**

Yakhula inkwenkwe yabheka esikolweni,
Izithanda iincwadi ingenzi nomolweni.
Yayisingcutha isiLungu ingaqhelisi,
Iwadlakaza amanani njengesiNgesi.

Yazixaka iititshala zaphoselana ngayo,
Kwakuthi khinxi kukhululwa ngezayo.
Yaba yiminyakana yodudulela phambili,
Bothuka bonke bajonga phambili.

Kwancipha ubuhlanti kwasala zambini,
Waphela umzi yavungama ilali.
Yaba mbalwa yabhavumlela kude,
Wathi umntu uncamile ifuzile kakade.

Yaphela imfuyo kwaxhathiswa ngehagu,
Yabila ingqondo yona okweyehagu.
Lancama ixhego lathi liyazinikela,
Likhusela ikhehlekazi evasini lizincamela.

Labuya litaka izimanga lakukhohlela.
Nakwikhehlekazi kukubi lizitotobela.
Naxa kunjalo bathi kumele agqibe,
Wasebenza naye wabhitya nemilebe.

Qondo le-B.A walixway' emhlana,
Ngqondo yakhe zange izigwagwise.
Lachach' ixhego nexhegwazana,
Khanyisa mzi babone kudana.

3.1 Caphula umqolo obonisa ukuba yayizimisele le nkwenkwe, ingadlali kwisitanza sokuqala. (1)

3.2 Ingaba imbongi iludale njani undindwano kulo mbongo? (1)

3.3 Ngqina ukuba lo ngumbongo mbaliso ngokomxholo. (2)

 Downloaded from Stanmorephysics.com 

3.4 Chaza izinto zibe mbini ezibe ngumceli mngeni kwimfundo yale nkwenkwe ngokwesitanza 3 (2)

3.5 Nguwuphi umyalezo odluliswa yimbongi kulo mbongo? (2)

3.6 Ucinga ukuba siphumelele esi sicatshulwa sombongo ukudlulisa uluvo lokuba ukuzinikela sisixhobo esisa empumelelweni? Xhasa uluvo lwakho. (2)
**[10]**

**OKANYE**

## UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda isicatshulwa sombongo esilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISIQITHI SEENTINI – TN Kabanyane**

Ndulo sadalwa ngeenjong' entle
Njengendawo zonke saba likhaya,
Kwiintini zolwandle zaphumla khona.
Oonwele ziyephu-yephu ziphetshethwa ngumoya
Beza neenjongo eziphuthileyo eKoloni.
EzaseNtshon' izaphuselane zade zaphukaneka.

Zathi isiqithi silungel' abaneqhenqe,
Balahlelwe khona de bawohloke,
Mva kwalandelisw' abalahlekelwa ziingqondo,
Bazenzel' indumanga yab' esiqithini.
Baxulubane baxhwithane kudliw' ofileyo
Kungenjal' ongen' emanzini lilifa likakrebe.

Abath' abaphucukile, bambono zityedileyo,
Bahluth' umhlaba womXhosa emaXhoseni,
Akubuz' isizekabani wanyolwa ngomnwe.
Akuphindisa kwathiw' ulidela-mbuso,
Isigwebo sakhe wohlal'ubom esiQithini.
Ndithetha ngoMakana kaNxele?

Kwathi kant' uMakan' uhlahl' indlela,
Wandulel' amaXhosa akowab' alandela.
Wawuvumisele na Makana kaNxele?
OoRholihlahla barhol' amahlahla balandela.
Sisiqithi esitheni esi sibulala calanye ?
Abangeneleli, oovelevutha bakwamlebese.

4.1 Caphula umqolo obonisa ukuba abamhlophe beza nezimvo ezingathandekiyo kwisitanza sokuqala. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


4.2 Imbongi iludale njani undindwano kulo mbongo? (1)

4.3 Chaza izinto zibe MBINI ezibe ngumceli mngeni kumaXhosa ngokwakwisitanza -3 (2)

4.4 Ngqina ukuba lo ngumbongo wopolitiko ngokomxholo. (2)

4.5 Nguwuphi umyalezo odluliswa yimbongi kulo mbongo? (2)

4.6 Ucinga ukuba siphumelele esi sicatshulwa sombongo ukudandalaziza intlungu ababekuyo abomgquba kwilizwe looyisemkhulu? Xhasa impendulo lwakho. (2)

**OKANYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: KUNYANZELEKILE UWUPHENDULE

## UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda isicatshulwa sombongo esingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UHAMBO LUKAMZILIKAZI – M.G. Mdliva**

Aa Mthwakazi!
Wena Mzilikazi gorha ndini
**Wa**liwel'iThukela namaNdebele,
**Wa**bagxagxamis' abanyeph' ugxanya.
**Wa**mbeth' umnweb' uyingwe,
Iyimikhonto amehlw' ekubonis' indlela.

Ndebele Mthwakazi mhlekazi,
Wen' umzimb' ubhaxa bhaxa.
Wawabelek' amaNdebele ungagodoli,
Wazilibal' iindaba zomtshakazi,
Mzilikaz' ungumNguni,
Mthwakazi nguw' ungumNguni,

Wawacand' amathaf' e-Afrika,
Zikukhweb' ingxangxasi zikaVictoria ngxa.
Zath' akulahlekang' ugodukile,
Athul' amalahlekaz' ekufihlile.
Wabengabong'uNyath' **ebhomboloza,**
Wazivum' iingoma zamaqhaw' enethemba.

Yiza Nyath' umkhaph' umntwan' egazi,
Uyigqibil' ebeyizalelw' eyizele.
Uyishiy' iKafusi naGwanda uyahamb' uMzilikazi.
Z' umbong' asithel' ubuy' ubon' uLobengula,
Ndlela-ntle Mthwakazi,
Nde ngqishi ndagqibezela.

5.1 Chonga umqolo obonisa ukuphehluzeliswa kwabamhlophe nguMzilikazi kwisitanza-1 (1)

5.2 Chaza isixhobo sohlalutyo kumagama abhalwe ngqindilili kwisitanza -1 uze uchaze nenjongo yokusetyenziswa kwaso. (2)

5.3 Ngumfanekiso ngqondweni mni ofumaneka kumagama abhalwe ngqindilili kumhlathi we-3? (1)

5.4 Ithini injongo yembongi kulo mbongo? (2)

5.5 Ngqina ngeengongoma ezimbini ukuba sisibongo esi. (2)

5.6 Ingaba imbongi iphumelele ukuphuhlisa uhambo lukaMzilikazi kulo mbongo? Xhasa izimvo zakho. (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: INOVELI/ UNCWADI LWEMVELI

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezimbini noNcwadi Lwemveli.
- Khetha umbuzo kwiNoveli oyifundisiweyo/ukhethe umbuzo kuNcwadi Lwemveli.
- KwiNoveli ngaNYE nakuNcwadi Lwemveli kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI nombuzo OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo wesi-8 ukuya kumbuzo we-13.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA**:

- Xa ukhetha umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo B, (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwiDrama).
- Xa ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwiNoveli/KuNcwadi Lwemveli), KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama).

### INOVELI

Phendula UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO) OKANYE UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

Liyinene elithi, ubomi obububo yimigudu nemizamo, impumelelo isentabeni. Ngqina olu luvo ngokuqamela kwimigudu nemiqobo uMapheza athubeleze kuyo ekulweni ngempumelelo ulwaphulomthetho kule Noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

 Downloaded from Stanmorephysics.com 

## UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

"Senditshilo ke ukuthi umqobo ngoku iza kuba nguMapheza." "**Makafe naye uMapheza** ukuba unayo indlela. Inkawu idliwa ilila, ngaphaya koko siya konwaba kudala." Walala uMfuneko izibilini ziphezulu. Wathi akucinga, wafumanisa ukuba ngenene nangenyaniso kunyambelekile, kufuneka amkhusele uThantaswa ukuze naye azoxhamla kweliya lifa lemali ashiywe nalo. Njengoko ebesel' etshilo ukuba akuyi kuba lula ukumkhusela ukuba uMapheza usadla amazimba, ucinge ngecebo lokumbulala**.** Kuthe qatha engqondweni yakhe u-Inspector Nqoza awayemazi ukuba uyinkubabulongwe yakhe kodwa alavela msinyane iqhinga lokumfaka kule ndibongo. Wayengumfo onezigigaba kakade umthetho wakhe uMfuneko. Wayekuthanda kakhulu ukuphumelela ngezinto ezingekho mthethweni. Wayesithi xa athethayo yena akazi kulungisa umthetho owonakala kudala. Kwakukudala esamkela iimali zokunyotywa zizihange awayezikhupha sele ezibambile, emva koko amanye amapolisa awakhombe eNdenxa.
Ukunyoluka kwakhe ke kwakuza kukhe kuvavanyeke kweli tyala lokugetyengwa kukaMsindisi. Njengesiqhelo wavuka waphangela uMfuneko ngemini elandelayo. Wayengabonakalisi nto kwathini, koko wayemangalisiwe naye njengamapolisa onke.
Wafika uMapheza sele efikile emsebenzini efake intlanganiso namanye amapolisa bevandlakanya ityala awayejongene nalo. "Madoda ukuba ninalo iqhinga malunga neli tyala indoda mayivelise umbono wayo" wangena uMfuneko xa atshoyo uMapheza kuBhadula owayelipolisa elingengomcuphi. Lisiko lamapolisa kakade ukuba xa kukho intlekele axhobisa aza kuphanda ngamacebo. "Ityala elinje wena Mapheza liqhelekile. ***Andiqondi ukuba ababulali bakaYangaphi baya kufihlakala kuphele nangona ubugebenga bebenzele emnyameni nje***" utshilo uBhadula. Wothukela ngaphakathi uMfuneko.

7.1 Tyhila isigqebelo esikumazwi kaThantaswa abhalwe ngqindilili kumhlathi woku-1. (2)

7.2 Chaza into eyathi qatha kuMfuneko njengesisombululo sokususa umqobo onguMapheza kulonwabo lwakhe noThantaswa. (1)

7.3 Yinyani okanye asiyonyani ukuba uthando oluphakathi kukaMfuneko noThantaswa alunyanisekanga? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.4 Nika izinto eziMBINI ezingqina ukuba uMfuneko wayechasene nobulungisa ngokwesi sicatshulwa. (2)

7.5 Xela into ebophelela uThantaswa kuMfuneko ngokwemeko yesi sicatshulwa. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

7.6 Ingaba uphumelele uMfuneko kwiinjongo zakhe zokukhusela uThantaswa ngokwasebalini? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.7 Ucinga ukuba yintoni emenza othukele ngaphakathi uMfuneko akuva amazwi kaBhadula abhalwe ngqindilili? (2)

7.8 Tyhila ukuzaliseka kwamazwi abhalwe bukekela kumhlathi wokugqibela. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA B**

Wayengaqhwanyazi emjonge ntshoo, engundiyalwa wonke, iinwele zimile nkqo okweentsiba zencanda elwa nezinja. Nangona uMfuneko wayekuqeqeshelwe nje ukubamba umntu ophethe umkhono wekati, ngaloo mzuzu wasuka waliqhitala. Wayekhohlwe okwenja imi nenkovu.

"Thanti, Thanti, khawume kancinci, sithandwa sam! Beka umpu phantsi, sithethe kuqala phambi kokuba sife," wacenga ephelelwe licebo uMfuneko. Wayeduduzela kukoyika ecinga ngobuhlungu bokufa ngokudutyulwa. " Mfuneko, ubutyebi ebesizithembise ngabo bumke namanzi. Into eshiyekileyo ngoku kukubhadla ejele ubomi bethu bonke." Watsho umpu ewubambe ngezandla zozibini ewukhombe kuMfuneko. "Khawume kancinci kaloku, Thanti! Yonke le nto iza kulunga! Awuzukuya entolongweni." Watsho engcucalaza phezu kwebhedi uMfuneko, iliso lakhe libona intunjana emnyama yeembumbulu ijonge kuye okweliso lekhamera.

"**Amathumzi obumnyama** awile. Makathi ephakama ke ngemini elandelayo, sibe thina sobabini sesiwile, singenakuphinda siphakame naphakade." Watshothozelisa la mazwi uThantaswa, kanti ngamazwi akhe okugqibela lawo phezu kwegade lomhlaba. Abamelwane bakhe beva ngezithonga zompu ezine zisitsho kwaYangaphi, emva koko kwathi cwaka akwabikho nomntu lo okhalayo. Owaba nesibindi wayokroba, wafika itshoba lilele umbethe kubo bobabini, wabe sel' ehlaba umkhosi. Ayemathathu amanxeba kuMfuneko. KuThantaswa imbumbulu yangena ebunzi, yaya kuphuma ekhosi.

7.9 Xela izixhobo ezimbini ezikwesi sicatshulwa ezityhila ukuba ibali liqhubeka kwixesha lokhanyo. (2)

7.10 Chaza ukuba sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)

7.11 Cacisa ukuba ukusetyenziswa kwamagama abhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa angumqondiso wantoni? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.12 Ngokolwazi lwakho lwebali ingaba umbhali uyaluchasa okanye uyaluxhasa ulwaphulo mthetho? Xhasa impendulo yakho (2)

7.13 Ingaba isiphelo sale Noveli sisiyolisi okanye yintlekele? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com



**OKANYE**

## UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Liyinene elithi, ubomi obububo yimigudu nemizamo, impumelelo isentabeni.
Ngqina amanzithinzithi athubeleze kuwo uThole ukufika kwimpumelelo yakhe kule Noveli.
Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA C

Uthe akunyeka wabona ngesinye isibini simkhombe ngomkhono wekati. Waphelelwa ngamandla kwangoko waguquka ewajonga. “Phakamis’ izandla” utshilo omnye kwesi sibini. Uthe ukuba aphakamise yamtsibela enye kwesi sibini yamqamangela ngokungekho similweni, ngentambo azandleni yathi ukuba igqibe yamfak’impama yamkhaba waya kuwa. “Kahleni madoda. Musani ukuyibhuduzelela le nja iza kusuk’ ife singekayenzi nto,” watsho lo uphethe umkhonw’ekati. “Ikakade Peto **kufuneka ifile**” …

Kwalile ngesiqingatha sentsimbi yeshumi lahlokoma ixesha, latsho ngentlokoma enkulu, kuba lalithiyelwe ukwenjenjalo. Ingxolo yalo yabangathi yileyo yokubethwa kwamagogogo ezilokishini ezinzulwini zobusuku xa kuphela umnyaka omdala kungena omtsha. Ngenene kwakusahlulelana ubomi obudala kuThole kungena ubomi obutsha angabaziyo, belabafileyo.

Lathi ukuba litsho ixesha zatsiba kuye ezi zinto zimkhulula zimqamangela izandla ngasemva zimphamba ngeempama zimkhomba emnyango. Waqhutywa waya kukhutshelwa ngaphandle kwelokishi, yekoko ukukhweza naye ucingo besihla besiya echibini. Imizuzu yayilishumi linesihlanu ibethe intsimbi yeshumi elinanye awayeza kuphoswa ngayo emanzini. Ukususela ekubotshelelweni kwakhe endlwini umthandazo wakhe wawumnye ingothi;

**“Nkosi ukuba ndingaphuncuka kula makhamandela ndizibone ndingosindileyo inkulu into endingakwenzela yona, igama lakho ndingalibonga njalo.”**

Bathe xa balushiyayo ucingo kwathi gqi umqokozo wamapolisa ngomgaqo oza ngeliya icala ukhweza ucingo olo ukhwele iibhayisekile, suka zee dungu ezi zihange zabaleka zimshiya ngasemva ebotshwe izandla ngezo ntambo. Afika abuza amapolisa ukuba kungaba kuhleni na, wee cwaka engaphenduli.

Amfaka  ithotshi emehlweni efuna ukuqonda ukuba ungubani na; afika umfo exwebe eluthwebeshu, ubuso buyiloo nto kukudumba zimpama namanqindi. Amkhulula ezo ntambo zazisezandleni.

Downloaded from Stanmorephysics.com


9.1 Xela into ebophelele uThole kwezi zihange zikwesi sicatshulwa. (1)

9.2 Chonga izinto zibe MBINI ezikhankanywa kwesi sicatshulwa njengesisombululo sokususa umqobo onguThole kulonwabo lukaJoe noNomsa. (2)

9.3 Yinyani okanye asiyonyani ukuba uthando oluphakathi kukaThole noNomsa lwalunganyanisekanga. Xhasa impendulo yakho. (2)

9.4 Xela uluvo oluphuhlisa ukuba aba bafo babeza kubulala uThole babechasene nobulungisa. (2)

9.5 Tyhila isgqebelo esikumazwi abhalwe ngqindilili kumhlathi wokuqala. (2)

9.6 Ingaba uphumelele uThole kwiinjongo zakhe zokudumisa iNkosi ngokwesebalini? Xhasa impendulo yakho (2)

9.7 Ucinga ukuba yintoni eyenza uThole athi cwaka xa ebuzwa unobangela wemeko akuyo? (2)

9.8 Tyhila ukuzaliseka kwamazwi akumthandazo kaThole abhalwe ngqindilili kumhlathi wesi-2. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA D**

Kuthe xa kuphakathi engxoxweni ngalo mbandela, kungekho uzimisele ukunikezela, uMangaliso emile ngelokuba makathunyelwe kuyo, isifundisi sikhaba ngamanqin' omane sisala, kwavela la ngwevu yomfundisi ibikhe yadanduluka esidlangalaleni isithi; **'**Akuyi lubuyayo apho mfo wam,' yathi, 'Uxolo maWesile amahle, kambe ngokuzenza umqobo phambi komfundisi lo efuna ukuya eGeorge Goch hleze kuthi kanti siphazamisana necebo likaThixo. Ndingomnye nje ochase ukuba umfundisi lo aye eGeorge Gosh ndiphakamisa ukuba umntu kaThixo akhululwe ahambe aye kule ndawo, inkomo enotshobo ayinqandwa bazalwana.'

Ngaloo mazwi endod' enkulu waba uyakhululwa uMangaliso ukuba ayokuba ngumfundisi eGeorge Gosh eza kujongana nombandela wokwakha nendlu yecawa. NgoLwesihlanu emva kokuba enyuliwe wenjenjeya nenkosikazi yakhe bephuma eAlbert Street besiya kuhlola loo lokishi wayeza kuqala kuyo umsebenzi wakhe bekhwele kuNyawuzevangeli.

Bafika beshiya imoto esangweni bee chu kancinci besihla benyuka nezitalato zelokishi bemana ukunqwala ngeentloko bebulisa ababehleli eziverandeni. Kuye wonke umntu odlulayo kwakusala ukuba **angakhe eme esondele esi sibini**. Ude ubeve abanye bethethela phantsi bebuzana besithi, 'Ngowaphi na lo mfundisi ufaneleke kangaka?
"Andazi uthi asinguye lo waseWesile uza kuza apha? Wova esitsho ukuphendula obuzwayo." "Kowu! Ingathi usemncinci nje nithi uza kulunga kule George Gosh inzima kangaka?"
Bathi kuba kwakungoLwesihlanu emva kwemini bazibona izimanga zase George; abantu benxila behebhuza ezitalatweni bephuma izinto ngemilomo yabo.

9.9 Xela izixhobo ezikwesi sicatshulwa ezityhila ukuba liqhubeka kwixesha lokhanyo. (2)

9.10 Chaza ukuba sikweliphi inqanaba lesakhiwo esi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)

9.11 Cacisa ukuba ukusetyenziswa kwamagama abhalwe ngqindilili kungumqondiso wantoni? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.12 Ucinga ukuba umbhali wale ncwadi uyichasile okanye uyayixhasa inkolo yobuKrestu? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.13 Ingaba isiphelo sale Noveli sisiyolisi okanye yintlekele? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**OKANYE**

## UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Liyinene elithi ubomi obububo yimigudu nemizamo, impumelelo isentabeni. Ngqina olu luvo ngokuqamela kwimigudu nemiqobo uMfazwe athubeleze kuyo ukuya kufika kwimpumelelo yomzabalazo wakhe kweli bali.
Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**OKANYE**

## UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA E

Yadubula ngelo xesha imikhwazo yanxakama imemeza ivela kwezinye izisele, kwabanye abavalelwe njengam, "Wenzeni umntwan' omntu, selede abethelwe ukubulawa nje?"
Kwathi kanti baninzi abayimameleyo imigudu eyenzekayo. Ndangenelela nam ndingenakuzibamba, "Magqwirhandini", kanti kuloku ziza kupheza izithonga. Zathi cwaka, kwathi cwaka.

Kusasa ngaloo mini ndeva ndingabuzanga ngegwangqa elalize kuthabatha iinkcukacha esiseleni sam ukuba "obesenza isimbonono sokukhumbula unina ngephezolo uzixhome ngomlenze webrukhwe lahlanza iselwa." Ndibuze ngobungxamo ndikhondoza ndifuna ukuqonda ukuba balwenze ntoni olo sizana, yathi impendulo "ngumntu obecinga unolwazi oluninzi." Ngesibindi endingasaziyo ukuba ndasithatha phi na, ndathi uyaxoka ubulewe ngokubethwa ngamapolisa lathi igwangqa lingandijonganga "**nguwe olandelayo**." Ndashiyeka ndithe nkamalala, ndikhamisile. Esi simo seli polisa sandicingisa nzulu, ndatsho ndakhumbula amazwi eqobokazana endandichitha nalo imva kwemini engaphambi kwale yokubanjwa.

Akukho nto ndandingayincokoli noNokuzola, ingakumbi ubomi bam baseyunivesithi njengokuba yena engazange aye nje. Kaloku yena umfokazi wayesebenza njengomongikazi kuloo dolophu yethu iBholo. Wayedla ngokuyiphulaphula ngomdla yonke intshwaqa yam, kodwa kuthi kwakufika kwezopolitiko athi, "ungaleqi endala uba lithole, umzabalazo kudala wabakho, kwaye uhamba ushiya **izigede neengxwelerha** endleleni, ungabi lelinye lamaxhoba ke mfo." Lathi xa indim olandelayo igwangqa ndamcinga uZoe.

Downloaded from Stanmorephysics.com

11.1 Xela into ebophelela uMfazwe noNokuzola amkhankanya kwesi sicatshulwa. (1)

11.2 Chonga izinto zibe MBINI ezenziwe nguMfazwe kwesi sicatshulwa ukudandalazisa uvakakelo lwakhe ngomfo ebebhonga esiseleni. (2)

11.3 Yinyani okanye asiyonyani ukuba uthando oluphakathi kukaMfazwe noZoe lwalunganyanisekanga. Xhasa impendulo yakho. (2)

11.4 Chonga uluvo ngokwesi sicatshulwa oluphuhlisa ukuba uMfazwe uchasene nobuxoki (2)

11.5 Tyhila isigqebelo esikumazwi egwangqa abhalwe ngqindilili, athi “nguwe olandelayo” (2)

11.6 Ingaba uphumelele uMfazwe kwiinjongo zakhe zokuvulela uNokuzola isifuba, ahlale emthembile. Xhasa impendulo yakho (2)

11.7 Ucinga ukuba yintoni emenza ashiyeke ethe nkamalala uMfazwe emva kwamazwi abhalwe ngqindilili athethwe lipolisa. (2)

11.8 Tyhila ukuzaliseka kwamazwi abhalwe ngqindilili kumhlathi wesi-3 kwesi sicatshulwa singentla. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA F**

> Ithe seyigqitha le ntokazi kum, yajika ndamva umfana xa ekukhalazela oko, ethetha isiXhosa. Ijike yaza kuma phambi kwam ayagqitha. Ndaphakamisa intloko ndisiba mhlawumbi ngumntu oxakwe yinto.
> YayinguCikizwa! Andiphinda laa mehlo **ukundibamba ngomnatha**, sajongana ixesha elide, kwada kwangenelela unyana wakhe ngokumtsala-tsala.
> ‘Ngunyana kabani lo umhle kangaka?’ Ndibuza kuCikizwa sekukudala sihleli phantsi egumbini lokutyela kwalapha esikhululweni seenqwelo-moya. Ngaxeshanye ndifunqule le nkwenkwe yasuka yathandeka, ndiyibeke phezu kwalo mlenze ungaqhwaleliyo.
> ‘Ngunyana wakho!’ Izinto ezothusayo zingabe ziphinda ziphele na kakade?
> ‘Hayi wena Cikizwa khawuthethe inyani. Phofu ke ukuba akufuni kuxela, kakade ibingeyondawo yam leyo, kodwa ke unonyana omhle gqitha.’ Ndatsho ndirhwaqela ndisoyika ukuthi kanti ndonile.
> ‘Xa umjongile wena ufana nabani? Khangela olu siba lusebunzi, ngumfanekiso wakho nangalaa mehlo alaqazayo. UZubuye lo ngunyana wakho. Nako nangoku ubuyile.’
> Amehlo am ayesathe ntshoo emfaneni, engakwazi ukusuka. UCikizwa wayethetha ngokukhawuleza.
> “Kuyacaca iileta zikanina noninakhulu akukazifundi. UNokuzola wamfumana lo mntwana ukusweleka kwakhe. Kwakufanele ukuba wayengazanga aphile naye, kodwa uThixo akavuma, lwasinda lona usana. Ukuba ube ulapha yimisebenzi kamfundisi uHlathi nenkosikazi yakhe. Sendingenelele ke nam njengonina.” Ndiphazanyiswe kwingcinga neziqhwaywe nguZubuye kukufika konyana kaMeva Douglas, ndabe ndisithi makusongwe impahla.

11.9 Xela izixhobo eziMBINI ezikwesi sicatshulwa ezibonisa ukuba ibali liqhubeka kwixesha lokhanyo. (2)

11.10 Chaza ukuba sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)

11.11 Ukusetyenziswa kwamagama abhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa angumqondiso wantoni? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.12 Ucinga ukuba umbhali wale ncwadi uwuchasile okanye uyawuxhasa umzabalazo wokulwela inkululeko? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.13 Ingaba isiphelo sale Noveli sibe sisiyolisi okanye yintlekele? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[25]**

 Downloaded from Stanmorephysics.com 

**OKANYE**

**UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana NABANYE**

Liyinene elithi ubomi obububo yimigudu nemizamo, impumelelo isentabeni. Ngqina olu luvo ngokuqamela kwimigudu nemiqobo athubeleze kuyo uGxuluwe kwintsomi ethi “uGxuluwe naBathwa” kunye nombongo othi “Intaba kaNdoda”

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390.
**[25]**

**UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi lwemveli ezingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G**

**INTSOMI KAKHETSHE NESIKHUKUKAZI**

Kwathi ke kaloku ngantsomi, kudala-dala iintaka zaye zithandana, zisendiselana njengabantu. Ngelo xesha ukhetshe ufike watshata nesikhukukazi, bahlalisana kakuhle, bathandana oku kusisimanga bada bafumana nabantwana.

Kwalile ngenye imini, ukhetshe wemka esiya kuphandela usapho into etyiwayo eshiya isitshixo sendlu nomfazi. Ekuhambeni kwendoda isikhukukazi sicinge ngokuya kutyelela isihlobo saso ebesihlala mgama. Kule ngcingane yembutho sihambe nabantwana baso ukuze nabo bafumane ithuba lokuya kubona ilizwe. Sincokole, sancokola, sancokola nesihlobo saso kwahamba ixesha, kwabonakala ukuba lifikile ixesha lokuba usapho lugoduke.

Lufikile ekhaya umninimzi engekabuyi, abantwana beyimfe kukudinwa, belambile, wada omncinane woyiswa kukunyamezela, wazibika kunina. Isikhukukazi sibe ngakhangela isitshixo sokuvula indlu ukuze abantwana batye, tu ukuvela isitshixo. Sibhuqe sabhuqa, sabhuqa sada sancama.
Kusenjalo, kwenzeka elona sikizi kuba umntwana wasuka waqhawuka, itshoba lalala umbethe ngenxa yendlala. Uthe umntwana esandul’ ukufa wagaleleka ukhetshe, akuyibona le ntlekele ***wavutha ngumsindo*** engxolisa umfazi wathetha: “Ukususela namhlanje thina sobabini sahlukene. Kunjalo nje kuya kuba njalo nakwinzala yethu. **Ookhetshe baya kubatya abantwana beenkuku kude kuvele esi sitshixo silahlekileyo**. “Uthe ukuba atsho ukhetshe wabutha konke okwakhe wemka. Okwenene kwenzeka ngokokuthetha kwakhe kuba nanamhla oku ookhetshe basawatya amantshontsho eenkuku. Isikhukukazi sona asikancami kuba sisaphikelele ukuphanda, siqhwaya emhlabeni nje sisakhangela esaa sitshixo sikakhetshe ukuze sixolelane naye, kubekho ibuyambo ukuze abantwana babo bangabisaxhwilwa. Phelaphela ngantsomi.

Downloaded from Stanmorephysics.com


13.1 Loluphi udidi lwentsomi olu lukwesi sicatshulwa? (1)

13.2 Chonga izinto zibe MBINI ezikhankanywa ngukhetshe njengesisombululo kwingxaki abajongene nayo yokulahleka kwesitshixo. (2)

13.3 Yinyani okanye asiyonyani ukuba uthando olwaluphakathi kokhetshe nesikhukukazi belunganyanisekanga? (2)

13.4 Nyothula uluvo ngokwale ntsomi oluphuhlisa ukuba ukhetshe uchasene nesimbo sokungakhathali. (1)

13.5 Chaza iingxaki eziMBINI adibene nazo uSikhukukazi xa efika kwikhaya lakhe. (2)

13.6 Uphumelele ukhetshe kwiinjongo zakhe zokuqhawula ubudlelwane phakathi kwakhe nesikhukukazi? Xhasa impendulo yakho. (2)

13.7 Tyhila intsingiselo eziswa ngamagama abhalwe bukekela kumqolo we-15. (2)

13.8 Ngeengongoma eziMBINI cebisa ukhetshe ngobungozi bokuba ingxabano yabo ichaphazele abantwana. (2)

**ISICATSHULWA H**

Funda esi sibongo silandelayo wandule uphendule imibuzo elandelayo.

**UTYWALA BOMLUNGU**

1. Ho-o-o-o-yina Mz' oNtsundu!
2. Khaniphulaphule Mzi wase-Afrika!
3. Kanivul' iindlebe Mzi wakowethu!
4. Khanivul' iindlebe nina hlang' oluNtsundu!

5. Yizani sikhe sibonisane!
6. Yizani sikhe sifundisane!
7. Yaphel' iAfrik' emnyama madoda
8. Yizani siyilungise madoda.

9. Amagatya amatsha aqhuzukile
10. Nomlisela wakuthi uwohlokile
11. Iintyatyambo ze-Afrika zivuthulukile
12. **Ngenxa yakho tywala bomlungu!**

13. Afil' amahlumel' eAfrika
14. Nesizalo se-Afrika sabuna
15. Umqolo we-Afrika waphusile
16. **Ngenxa yakho tywala bomlungu !**

17. Iinqwelo zilugqibil'ulutsha
18. Aphelil' amathemb' amatsha
19. Zifundiswa ze-Afrika ziphelile
20. **Ngenxa yakho tywala ndini bomlungu!**

Downloaded from Stanmorephysics.com

Bonke bakhala ngegrangqa
Badunduluze njengamathanga
Zon' iintloni zibe ziphelile
**Ngenxa yakho tywala bomlungu!**

Yizani siyivus' i-Afrika
Siyitywine yonk' imithombo
Empompoz' utywala bomLungu
Siyivale yonk' imijelo
Ephalal' iinyembezi zomlungwazana
Siziqhekeze zonk' iingqayi
Ezizele butywala bomlungu !
Yini le !
Yaphel' iAfrika sijongele!!

13.9 Xela iimpawu zibe MBINI ezibonakalisa ukuba esi sisibongo. (2)

13.10 Chaza isixhobo sohlalutyo esisetyenziswe kwimiqolo ebhalwe ngqindilili wandule unike injongo yokusetyenziswa kwaso. (2)

13.11 Nika amagama abe MATHATHU abonakalisa ukuba imbongi ithetha nohlanga oluNtsundu. (3)

13.12 Loluphi udidi oluchatshazelwa kakhulu ngulo mbulalazwe ubutywala ngokwalo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

13.13 Mfundisoni oyifumana kulo mbongo? (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO C: IDRAMA

**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukususela kuMBUZO 14 ukuya kuMBUZO 17.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube MNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwiNoveli/ kuNcwadiLwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI KwiCANDELO C (kwiDrama). Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwiNoveli/ kuNcwadi Lwemveli KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama)

**UMBUZO 14: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

**'**Loo nto ndiza kuyimela, andikhathali nokuba umntu sele esithini.'

Cangcatha kwimigudu eyenziwe nguZwilakhe ukuzalisekisa la mazwi akhe angasentla nesiphumo sayo.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**OKANYE**

 Downloaded from Stanmorephysics.com 

## UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE

***BUZANI KUBAWO*** **– WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA I**

| | |
|---|---|
| UNOMAMPONDOMISE | Kowu bhuti Gugulethu, Rhadebe, le nto akukayiyeki nangoku?<br>Kodwa sisizungu sani esi undimele ngaso? Uza kundenzela amashwa ngale nto. Uza kubangela ukuba ndingatyi kutya kuhlayo, ndingalali buthongo buhlayo yiyo yonke le nto |
| GUGULETHU | Mna akuhli ngoku ukutya endikutyayo. Andisathethi ke bona ubuthongo, ndithi ndakucinga ngawe bumke bonke, ngoku **into eseleyo ngamashwa** ukuba abephezu kwam ngenxa yakho, kuba NomaMpondomise, qonda kakuhle Jola, ngenxa yothando lento ingumntu iyajika ibe yinto ebingeyiyo ekuzalweni, okanye ibeyinto ebingadalelwanga yona ekuzalweni, okanye abe yinto ebengadalelwanga yona nguThixo. Ngenxa yothando umntu uba ngumbulali ngoku ebengadalelwanga kubulala. Ngenxa yothando umntu uba ngugqobha ogqobha onke la mankazana eli lizwe. Yintoni unobangela? Intliziyo ayivumi ukwanela kuba kukho lowa mntu unguyena-yena ubesenyongweni. Ngoku seleyinto ehamba isenza nje phantsi kwegama lokuba iyazixolisa. Ngenxa yothando umntu uzibona selenxila ebengakhange wadalelwa bunxila, umve esithi ucima iintsizi, uyazithuthuzela. Ngani ukuba azinyulele ixelegu elibutywala ekucimeni iintsizi, nasekuzithuthuzeleni? Kaloku oyena mthuthuzeli wenene ngulowo usuke wakhwez' amathambeka. NomaMpondomise, Jola, ndive xa ndisithi kuwe andityi kutya kuhlayo nguwe, andilali buthongo buhlayo ngenxa yakho.<br>Ngoku ndiyakucela, nqanda nali ilifu lelishwa, lokuba yinto endingadalelwanga yona, lilenga phezu kwam. |

15.1 UNomaMpondomise uzenzele amashwa ngokwakhe. Ngeengongoma ezimBINI xela amashwa athe amehlela ngokwasebalini (2)

15.2 Chaza ngeentetha eziMBINI ezixela ukuba zozibini izithethi kwesi sicatshulwa azonwabanga. (2)

15.3 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ubunyani bamazwi kaGugulethu abhalwe ngqindilili ngokwale drama. (2)

15.4 Chaza isiganeko esenziwa nguGugulethu kule drama ukhokelwa ngamazwi akrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


15.5 Nika isizathu sokuba uNomaMpondomise angasamkeli isicelo sikaGugulethu esikwesi siqendwana. (2)

15.6 Ingaba umtshato kaGugulethu noNomaMpondomise malunga nothando abalucebayo waphumelela? Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| UZWILAKHE | Ewe kuba ityala likuye, lo mntwana wasemzini akanalo nelincinci ityala, nguGugulethu obalekileyo. Ukuba uGugulethu ebengabalekanga waya kuhlala eMthatha ngeyingekho yonke le nto. |
| UNYANISO | Mfo kabawo Mthetho mus' ukuzihlupha, yhini mfondini ngathi akuyazi le ndoda, ayizi kujika kule nto noxa sekuhle izinto ezinje ngenxa yayo. Qhuba mfo kabawo, oxheleyakhe akabuzwa. Kuqala besifudula sisithi isala kutyewa sibona ngolophu, ngoku sixakiwe ukuba siza kuthini na kuba nalo ulophu lubonakele. Ngoku ke sofana siqukumbele ngelithi, inkomo enotshobo ayinqandwa. Kodwa ungafane uqine mfo kabawo kule nto uyenzayo, **mkhulu umhadi ozimbela wona.** |
| UMTHETHO | Khawutsho ke mfo kabawo, lo mfazi uza kumthumela naba bantwana eMthatha? |
| UMTHETHO | Sii!! Ngamanyal' enyoka odwa, ndifung' uBhungane. Qhuba mfo kabawo sova ngawe. Ndisatshaya. |
| UNYANISO | Hayi mna ndisemkile. |
| UMTHETHO | Mus' ukundishiya Rhadebe, nam andisayazi endisayihlaleleyo. (Bayaphuma) |
| UNYANISO | Hi mfondini uthi lo mfo uphilile nje? Sisibindi sini esi singaka anaso, ukuthi **sekuhle izinto ezingaka** kanti akanakho ukuyaleka? |
| UMTHETHO | Akanayo nento le uphile qete, nto nje wenza le nto kuthiwa kukqina enyaleni. Kaloku uZwilakhe wanconywa esiva kwathiwa uneenkani. Akwazi ukuba umntu uyonakala kukunconywa esiva? |

15.7 Thelekisa uZwilakhe othetha kwesi sicatshulwa noZwilakhe womhla wokugwetywa kukaGugulethu intambo. (2)

15.8 Sesiphi isiganeko esandulela le ngxoxo ikwesi sicatshulwa? (2)

15.9 Xela iziganeko ezenzekileyo ezichazwa nguNyaniso zibe ZITHATHU ngokwasebalini. (3)

15.10 Uloluphi udidi lomlinganiswa uZwilakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

15.11 Ingaba uyangqina ukuba uZwilakhe wajika kwizenzo zakhe kule drama? Khokelwa ngamazwi akrwelelwe umgca ngaphantsi (2)

15.12 Ngokolwazi lwakho lwale drama ingaba ikulungele ukufundwa kule mihla siphila kuyo? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[25]**

**OKANYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 16: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

"Ndinecebo eliya kusenza sibe zezingawothiyo zona umlilo izityebi ezi."
Cangcatha kwimigudu eyenziwe nguMamQhinebe ukuzalisekisa la mazwi angasentla neziphumo zoko.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 17: UMBUZO OMFUTSHANE**

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA K**

| | |
|---|---|
| SIPHOKAZI: | **Inceba ayikho kweli hlabathi,** ndincamile namhlanje. |
| SIQHIWU: | *It's the survival of the fittest; the elimination of the weakest; the law of the jungle.* |
| SIPHOKAZI: | Umama uyakothuka ajube zezi ndaba. Kaloku sithi xa simana ukulala ngamanzi kweli khaya umama asithuthuzele ngelithi akusekude ndiphangele. |
| SIQHIWU: | Sukuba ezikhanda ngenyhek' etyeni nje. |
| SIPHOKAZI: | Xa ke imeko ngoku ikekele ngolu hlobo, ngubani onokuhlalela ukubambelela ethembeni elingekhoyo ngolu hlobo? |
| SIQHIWU: | Mna ke ndisuke ndacinga ukuba kubhetele nokuya kukhuthuza xa kunje. |
| SIPHOKAZI: | Ungakhe uyenze loo nto Siqhiwu. Kungcono ukulala ngesisu esigunkcuza amanzi kunokulala uhluthi iinyembezi zamaxhego namaxhegwazana angathathi ntweni nawo ngokwawo. |
| SIQHIWU: | Ingathi ndiyambona nangoku umama. Ephatha kuthwalela abantu imithwalo yabo edolophini. Ephatha kuthengisa neebhotile. Maxa wambi de athengise namathambo la embala. Ndibala ntoni na? Ezama ukufundisa mna lo. |
| SIPHOKAZI: | Ungazidubi kakhul' umphefumlo Siqhiwu. |
| SIQHIWU: | Wayecinga ukuba wovuzwa ndakuphumelela ibanga leshumi. |

Downloaded from Stanmorephysics.com

| | |
|---|---|
| SIPHOKAZI: | Awunakuxelela mna ngehambonzima yekhaya lakho. Kaloku Siqhiwu indlela esifunde ngayo sobabini ifana nqwa. Ulibele na ngoku? |
| SIQHIWU: | Ndisuka ndiphelelwe ngamandla nangoku ndakucinga ukuba oomama bade banyanzeleka ukuba baphindele kobuya buxelegu bokuthwala laa mithwalo kulaa nto yalaa renki, kodwa thina sikho apha. Basifundisile ke abo bantu … |
| SIPHOKAZI: | Kaloku ndisakhumbula kakuhle ukuba mna nawe saqala ukuva kwa izihlangu kwezi nyawo zethu mhla saya esinaleni. |

17.1 Sizathu sini esibangela ukuba uSiphokazi athi inceba ayikho kweli hlabathi? Zixhase ngeengongoma eziMBINI. (2)

17.2 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukunyaniseka kwamazwi athethwa nguSiqhiwu abhalwe bukekela (2)

17.3 Xela ezi ndaba athetha ngazo uSiphokazi zinokothusa zijubise umama wakhe. (2)

17.4 Phawula ngala mazwi kaSiphokazi xa esithi “Kungcono ukulala ngesisu esigunkcuza amanzi kunokulala uhluthi iinyembezi zamaxhego namaxhegwazana angathathi ntweni nawo ngokwawo.” (2)

17.5 Chaza isisombululo ababhenele kuso abazali bakaSiqhiwu noSiphokazi ukuhlangabezana nengxaki abajongene nayo ngokwesi sicatshulwa (2)

17.6 Ngqina ukuba uSiphokazi noSiqhiwu abonwabanga kwesi sicatshulwa. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA L**

| | |
|---|---|
| MANTYI | Kungokunje sesifikelele esiphelweni seli tyala. Kudala silixusha, Silixukusha, silixovula. Akukho nkalo singayivelelanga. Wena Mnumzana Maqhikizane, urhulumente, ebekuphathise umsebenzi ofuna ingqiqo, inkathalo nokunyaniseka. Ukunyaniseka ke kwezi mini yinto enqabe kanye oku kwamanzi entlango. Noko kunjalo ke le nkundla ayinako ukukhuthaza abantu ukuba baqhubele phambili nokunganyaniseki. Ayisenakujikwa bani inyaniso yokuba wena Mnumzana Maqhikizane ubufanele ukuba ngumzekelo wokunyaniseka, kodwa ngelishwa wena ukhethe ukubaliwexuwexu lendoda, erhwaphilizela kwesayo isisu - uHlohlesakhe. (*Abantu badumzele, bevakalisa ukuhambisana nentetho kamantyi.)* |
| SITHONGA | Inzolw' enkundleni! |
| MANTYI | Awuthetheleleki konke konke. Ndiqinisekile ukuba kwakujongwe ubudala obu bakho mhla wachongelwa kwesi sikhundla, kodwa wena akuzange uyihoye yonke loo nto. Babini abantu otyholwa ngokubanyobisa kule nkundla. Kodwa ke bangaphi osowubanyobisile ngaphambili, waphumelela? |
| SITHONGA | Inzolw' enkundleni! |
| MANTYI | <u>Kwesi sona sokunyobisa ngothando isityholo wenze into emanyumnyezi</u> kakhulu ukuhlala uhlale uthi wakugqiba ukuba yimpobole yexhego elingaka unyanzele usana olungaka ukuba luthandane nawe wakugqiba ukuba nguyisemkhulu. *(Abantu badumzele.)* |
| SITHONGA | Inzolo! ... |
| MANTYI | Iintloni akunazo Mnumzana Maqhikizane. Icala lakho linye. Mangaphi amahlwempu ekuthe kwanyanzeleka ukuba azilume ezilahla kuba efuna ukulobola umsebenzi loo ntombi yakho ingumsebenzi karhulumente? |

17.7 Thelekisa uMaqhikizane ekuthethwa ngaye kwesi sicatshulwa noMaqhikizane wamhla kungena uSiqhiwu eOfisini yakhe okokuqala. (2)

17.8 Sesiphi isiganeko esilandela le ngxoxo ikwesi sicatshulwa? (2)

17.9 Xela iziganeko zibe ZITHATHU ezingqina urhwaphilizo olwenziwe nguMaqhikizane ngokwasebalini (3)

17.10 Uloluphi uhlobo lomlinganiswa uSiqhiwu? Xhasa impendulo yakho. (2)

17.11 Cacisa ukuba sesiphi esi siganeko sokunyobisa ngothando ithetha ngaso iMantyi kumagama akrwelelwe umgca ngaphantsi? (2)

17.12 Ngokolwazi lwakho lwale drama ingaba ikulungele ukufundwa kule mihla siphila kuyo? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

 Downloaded from Stanmorephysics.com 

## EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

- Esi sikhokelo sokumakisha silungiselelwe ukuba sibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Esi sikhokelo sokumakisha siza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekishwa kumaziko okukorekisha.
- Iimpendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

## IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akavumelekanga ukuba aphendule umbuzo omde nombuzo omfutshane kudidi olunye loncwadi)**.

2. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.

3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCandelo B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithandathu imibuzo (kwiNoveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.

4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.

5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokungachanekanga, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwisikhokelo sokumakisha.

6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.

7. **Imibuzo esisincoko.**
   Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu.

8. **Imibuzo emifutshane.**
   **Musa ukumohlwaya** umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

9. **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo ehambelana nokhetho olo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: ISIHOBE B

## IMIHOBE YESIXHOSA – B Ngombane

## IMIBONGO EFUNDISIWEYO

## UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

## USANA – ZS Qangule

Sebenzisa la manqaku alandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo. IImpendulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo. Jonga kwirubriki kwiphepha lama- 28 ukuhlola lo mbuzo.

Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo xa etyhila ukuaba ukufika kosana kuzisa ulonwabo nonxunguphalo ekhayeni olufikele kulo. Sisikokelo esi akunyanzelekanga ukuba umfundi aphendule ngolu hlobo.

- Kwisitanza sokuqala imbongi isebenzise isafobe, u**Chasaniso, Bubushushu** bodwa emzini **Lupholile** usana londile – Imbongi iqaqambisa ukuba usapho olufikela kulo lukwimo yokuxhalaba, luhamba ngezantya, lusamkela olu sana kodwa kukho nokuzola kosana lona lungenalo noluncinci uvalo. Imbongi iza nesigama esibonisa imo ezimbini ezichaseneyo, ubushushu nokuphola yonke le meko ikwindlu enye enosana.
- Zinkxwaleko usana lujongile, **Luzolile** usana lujongile. Imbongi ityhila ubunzima nentlungu edalwa kukonganyelwa zizinto ezikhathazayo kodwa kulo meko yokukhathazeka kukwakho ukuzola ngomphefumlo ngenxa yethamsanqa lokufikelwa lolu sana.
- **Yincwina yodwa** egumbin**i, Luncumile** usana lubukele – Incwina sisandi esivakalayo esikhutshwa ngumntu ova intlungu enganyamezelekiyo ngenxa yeengqaqambo umntu akuzo.  Le ntlungu ichasaniswa noncumo ukuqaqambisa ukuba zingqaqambo eziza kugqitha emva kwazo kukho uyolo lokufikelwa lolu sana ekhaya, nangona kukho intlungu kodwa usana lona luyintsikelelo lwakufika emzini.
- Lusana lwethu **uluvuyo,** Ntandane yethu **uluvalo.** Uvuyo lwenziwa kukonwaba, ukanti uvalo sisichasi sovuyo. Olu sana ithi imbongi yintandane loo nto iphuhlisa ukuba luthandwa nguwonke- wonke oko kutsho luyathandeka. Endaweni yokuba luzise uchulumanco kumntu wonke, kukho uvalo olukhoyo oludalwa kukoyikisela iimeko olufikela kuzo, nezidaleka ngenxa yokufika kwalo kweli khaya.
- Mbewu yekhaya **uyabukwa**, Sithombo somzi **uyoyikwa –** Imbongi isebenzisa izenzi ezintsingiselo ichaseneyo ukutyhila ukuba ukuvela nokukhula kosana kuyonwabisa, abantu bayaluvuyela, banolangazelelo lokusoloko belujonge ngomdla kodwa ukufika kwalo kuzisa ukungonwabi okudalwa luloyiko lokungaqiniseki ngemeko olukhulela kuyo olu sana.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE

2.1 "Ndikubona nje ukuba ungumnqantsa?" √ (1)

2.2 Iludale ngokwenza ukuba zonke izitanza zibenemiqolo emine. √ (1)

2.3 Ngumbongo ntyilazwi kuba usinika inkcaza ngendlela yenkolo yobuKrestu. √√ (2)

2.4 Iziphango √/ 'Izaqhwithi' √ (2)

2.5 Ngumyalezo wokuba masiyinyamezele indlela ehanjwa ngumKrestu kuba ayilulanga kodwa inesithembiso sokuphunyuzwa wakufika eZulwini. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo] (2)

2.6 Siphumelele kuba imbongi isibonisa indlela eyahanjwa yiNkosi ivulela abo bahambe kuyo. √√

**OKANYE**

Ayiphumelelanga kuba asikho isiqiniseko sokuba wonke umntu ohamba kule ndlela uzakuphumla ekugqibeleni. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka) (2)
**[10]**

## UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE

3.1 "Izithanda iincwadi ingenzi nomolweni." √ (1)

3.2 Iludale ngokuthi isitanza ngasinye sibe nemiqolo emine. √ (1)

3.3 Ndiyangqina ukuba ngumbongo mbaliso kuba imbongi isibalisela ngenkwenkwe eyayigqwesa esikolweni, abazali bayo beyixhasa yada yaphumelela isidanga seBA. √√ (2)

3.4 Kwancipha ubuhlanti √/ Kwaphela imfuyo √ (2)

3.5 Ngumyalezo wokuba masizimisele esikolweni singadlali ukuze siphumelele emagqabini√√ / Masazi ukuba impumelelo yomntu ifumaneka emva kokuzinikela, asebenze nzima√√ / Masinyamezele singatyhafi ukuze siphumelele njengale nkwenkwe yanyamezela ekugqibeleni yaphumelela. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka) (2)

3.6 Siphumelele kuba le nkwenkwe yazinikezela ezifundweni yaphumelela izifundo zayo, yasebenza baphumla nabo abazali bayo. √√ (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE**

**ISIQITHI SEENTINI – TN Kabanyane**

4.1 "Beza neenjongo eziphuthileyo eKoloni" √ (1)

4.2 Iludale ngokwenza imiqolo emithandathu kwistanza ngasinye. √ (1)

4.3 Kukohluthwa komhlaba √/ kukunyolwa ngomnwe √/ kukugwetywa ukuhlala esiqithini. √ (2)

4.4 Ngowopolitiko kuba imbongi ikhalazela urhulumente wamadlagusha ojike isiqithi wasenza indawo yokulahla abantu abakhalazela ukohluthwa komhlaba ukuze bafele kuso. √√ (2)

4.5 Ngumyalezo wokuba sazi ukuba kukho amatshantliziyo awangcungcuthekayo elwela inkululeko yomntu omnyama √√ / Sazi imbali yokufika kwabamhlophe bohlutha umhlaba, balawula, becinezela abomthonyama. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

4.6 Siphumelele kuba imbongi ithi, bohlutha umhlaba womXhosa emaXhoseni. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)
**[10]**

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: KUNYANZELEKILE UKUBA UWUPHENDULE**

**UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE**

**UHAMBO LUKAMZILIKAZI – MG Mdliva**

5.1 "Wabagxagxamis' abanyeph' ugxanya. √ (1)

5.2 Imvanosiqalo √ kukudala isingqisho √ (2)

5.3 Ngumfanekiso ngqondweni wendlebe. √ (1)

5.4 Injongo kukubonisa indima edlalwe nguMzilikazi kulawulo lwakhe. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

5.5 Sisibongo kuba kuqalwa ngesikhahlelo √ /Kubongwa iNkosi √/ Indlela egqibezela ngayo umbongo wayo. √

(Nasiphi isibini kwezi) (1)

5.6 Iphumelele kuba ithi uMzilikazi wawel" iThekela namaNdebele √√ / Wacand' amathaf' eAfrika √√

OKANYE

Ayiphumelelanga kuba imbongi ayivezi efika kwindawo ebesingise kuyo kulo mbongo. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

### INOVELI

### INKAWU IDLIW'ILILA – S Kula

### UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabaviwa.
- Jonga kwirubriki ekwiphepha lama- 27 ukuhlola lo mbuzo. Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:
- Liyinene elokuba uMfezeko uthubeleze kwimiqobo enobunzima ebisendleleni yakhe kodwa ngenxa yemizamo yakhe waya kufika empumelelweni. UMfezeko ayikhange imthibaze kwiphupha lakhe lokulusiphula neengcambu ulwaphulomthetho olugquba kule noveli. Uzamile kunzima wade wafika encochoyini yentaba, wazisa ababulali, izaphulimthetho nezizathu zolwaphulomthetho ngaphambili ejamelene nale miqobo.
- UMapheza uthatha ityala lokugwintwa kukasomashishini owaziwayo ogama linguMsindisi Yangaphi eligacelwe nguMfuneko Mnenga.
- UMfuneko ulilalele eli lityala kuba efuna ukugqquka umkhondo njengoko wayekhe wenza njalo kwelomyeni kaNompumelelo, uChizama.
- Luqala nje uphando uMfuneko uba ngumqobo ubonakalisa ukusebenzisana noThantaswa osisaphulimthetho ngokuthi amtsalele umnxeba amxelele ukuba amapolisa asendleleni.
- UMfuneko uyayiqonda akuzi kuba lula ukuba azi ngamanyathelo athathwa nguMfezeko uthenga uNqoza ukuba ancedisane noMfezeko ukuze amazise onke amanyathelo abawathathayo yena noMfezeko ngolu phando.
- UMfuneko noThantaswa bagqiba kwelokuba makafe uMfezeko kuba kakade inkawu idliw' ilila.
- Isipolisa sixoxa ngeli tyala, uMfuneko usithela amanzi ngelithi ixhaphakile into yokuba umfazi abekwe ityala xa kusweleke indoda yakhe, ude athi ababulalali ngabantu abangathunywanga mntu zizikrelemnqa nje de agqibele ngokuthi uMsindisi ubulewe ngabantu ebebefuna imoto yakhe.
- UMapheza uthi indlela edlakazwe ngayo imoto kaMsindisi ibonisa ukuba ababulali bebengafuni zinto zakhe koko bebefuna yena.
- UMfuneko woyikisa uMapheza ngelithi kufanele achule ukunyathela ngenxa yohlobo lwetyala aliphandayo, uMapheza uyafunga uthi "umqolo uphandle kwezo zikrelemnqa kwaye ukuba zisahamba phakathi kwabantu azilibonanga eliwinayo, uMfuneko uyabona ukuba uMfezeko akazimiselanga kubuya mva kuphando lwakhe.
- Ungcolisa uMapheza kuNqoza uthi nguye owantama uSajini Zalala owagxothwayo kuba etyholwa ngokuba imipu, mipu leyo eyayibiwe nguye uMfuneko, ude amthiye athi lirhamba elirhubuluzayo ekufanele ahambele kude naye amanye amapolisa.
- UNqoza ubonakalisa ukuvumelana noMfuneko kule mbono yokuba ngumqobo kolu phando ude athi akayi kufumana mixhaka ngenxa yakhe.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- UMfuneko ufumana ikroba lokumsebenzisa ngakumbi uNqoza ngokuthi maze adlulise konke okufunyenwe nguMfezeko eluphandweni kuye, lilonke abe nguKhala wakhe.
- Xa uMapheza enezinto azikrokrelayo, wenza nantoni na uNqoza enokwenza ukuba angaqhubeleki uMapheza.
- UNqoza uyigalela amanzi into yokungahambelani kwentetho kunye nexesha afowune ngalo uThantaswa elingahambelani nexesha lokwenzeka kwesiganeko.
- UMapheza ingqondo yakhe ayisuki ekubeni umfazi kaMsindisi unayo into ayaziyo ngokufa komyeni wakhe.
- UNqoza ukayekanga ukumana esazisa uMfuneko ngeziphumo zophando.
- UThantaswa ude abuze ukuba kanti lo Mapheza ufa nini. UMfuneko ucinga ngexhwele lakhe uNyangelethu ukuba lingamncedisa ukususa uMapheza endleleni yabo, lo xa yena uThantaswa eyibona izolibazisa leyo yena emfuna ngembumbulu emehlweni.
- UMfuneko uya exhweleni unikwa umgubo, usebenzisa uNqoza ukuba awugalele esiselweni sikaMfezeko kwi *after-tears,* aphathwe sisisu segazi uMfezeko esiyokumgalela esibhedlele.
- UMfuneko umana ukufowunela uZintle esibhedlele ebuza ngoMfezeko.
- Akuva ukuba uchacha kuhle esibhedlele uMfezeko, uyelenqa ukumba esibhedlele amse kuNyangelethu ngenjongo yokuba amtshise nguvutha libhange nelo icebo.
- Esesibhedlele njalo uMfezeko ooSixaki bangena endlwini kaMfezeko bayagoqulula bafuna nantoni na enokuphazamisa kolu phando bawe phantsi.
- Bayamba esibhedlele ngobusuku bamsa exhweleni, baviwe ngumkhwetha kaSiphongo ogama linguNontsikelelo bethetha ngokumtshisa. Neli libhanga ngokuthi uNontsikelelo amlumkise uMapheza ngokuza kwenzeka abaleke asinde uMapheza. Ngelishwa kutsha unyana kaNyangelethu othe ngokunxila wangena kuloo mkhukhu ubulungiselelwe ukutshisa uMapheza.
- UMfuneko uhambisa iindaba ezingeyonyani zokusweleka uMapheza esipoliseni, amapolisa ayafika kwaMapheza axelelwa ukuba uMapheza uyaphila atyhilwe uMfuneko.
- Ubuyela emsebenzini uMapheza, uMfuneko noNqoza bayanqunyanyiswa emsebenzini.
- UMapheza uyaliphanda ityala likaMsindisi ngaphandle kweziphazamiso abafumane ababulali ngokuxelelwa nguBhanqo noMbuzeli emva kokubathembisa nangamabhaso ancumisayo.
- Bayagwetywa ababulali bakaMsindisi emva kokuloqa yonke into.
- UNqoza noZalala bayabona ukuba uMapheza khange enze bubi koko nguMfuneko.Ukuphumelela kukaMapheza kwimiqobo emininzi nezabatha azibekelweyo kububungqina bokuba ngokwenene impumelelo isentabeni.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE

### INKAWU IDLIW'ILILA – S Kula

7.1 UUThantaswa noMfuneko baceba iyelenqe lokubulala uMapheza suke kwafa bona washiyeka esaphila uMapheza lo bamenzela iyelenqe lokumbulala √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

7.2 Kukufaka uInspector Nqoza kumayelenqe akhe olubulala uMapheza. √ (1)

7.3 Yinyani lwalunganyanisekanga uthando lwabo kuba badityaniswa kukufuna ukutya kunye ilifa likaMsindisi. √√

Asiyonyani kuba wayekonwabela ukuhlala noMfuneko ekhupha imbilini yakhe kuye ngaphezu koMsindisi. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

7.4 "Wayechasene nobulungisa kuba wayekuthanda ukuphumelela ngezinto ezingekho mthethweni. √ / Wayesamkela iimali zokunyotywa √/ Wayesithi xa athethayo yena akazi kulungisa umthetho owonakala kudala. √

(Nasiphi isibini kwezi) (2)

7.5 Kukuba uThantaswa ebefuna uMfuneko abulale uMapheza ukuze kungabikho nto izakumayamanisa nokubulawa kukaMsindisi. √√ (2)

7.6 Akaphumelelanga kuba kubanjwe ooSixaki awabasebenzisa ekubulaleni uMsindisi, uThantaswa wabulala uMfuneko naye wazibulala kuba ephepha ijele. √√ (2)

7.7 Unesazela kuba uyabandakanyeka ekubulaweni kukaMsindisi. √√ (2)

7.8 Ababulali bakaYangaphi bavelile, babanjwa ooSixaki abamdubuleyo, uMfuneko noThantaswa ivelile ngooSixaki into yokuba bayabandakanyeka, bafa phambi kokuba baye kubhadla ejele. √√ (2)

7.9 Kusetyenziswe umkhono wekati √ /umpu √ iliso lekhamera √ /ibhedi √

(Nasiphi na isibini kwezi.) (2)

7.10 Kwinqanaba lesiphelo. √ Kweli nqanaba ucaca poqo owoyisakeleyo/ Ulinganiswa oyintloko uzibona into ayiyo. √ UThantaswa uyazibona ukuba uza kubhadla ejele abone ukuba makazibulale iinzame zakhe zonke ziphanzile uphela ezibulala ebulala nomxhasi wakhe. √ (3)

 Downloaded from Stanmorephysics.com 

7.11 Ngumqondiso wobubi √ kuba kufe uThantaswa noMfuneko ngokudutyulwa nguThantaswa √ (2)

7.12 Uyaluchasa ulwaphulomthetho kuba abophula umthetho bafumana isohlwayo, UMfuneko noNqoza baphelelwa ngumsebenzi, uMdlambila nooSixaki bayabanjwa, UThantaswa noMfuneko bayafa. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

7.13 Yintlekele kuba iphela kusifa uThantaswa ongumlinganiswa oyintloko noMfuneko umxhasi wakhe. √√ (2)

**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

**NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise
- njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama- 29 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo.

- Liyinene elokuba wenze imigudu yokuthubeleza kwimiqobo ebiphambi kwakhe de wafika encochoyini yentaba, empumelelweni. Imiqobo adibene nayo uThole ayikhange imthibaze ekufezekiseni amaphupha akhe. Uzamile kunzima wade wafika encochoyini yentaba.
- Kwasekuqaleni kule ncwadi sidibana noThole sele ephumelele enguchwenene womfundisi osel'efunde de wayityekeza. Ukuze uThole abe ufikelele kweli nqanaba akulo lempumelelo ibe yimigudu namahla-ndinyuka ngenxa yemiqobo nemingeni athe wahlangana nayo.
- Ubomi bakhe ubuqala ngendlela engathembisiyo kuba uthe emva kokuyeka isikolo kuba abazali bakhe bengakwazi ukumelana neemfuno zesikolo ezinjengeemali ezihlawulwayo neyunifom waphala elizweni engenasizinzo.
- Xa efika evela eRhawutini udibana nabahlobo bakhe uThemba noSonwabo abaphila ubomi obungenanjongo zakuphumelela ebomini babo.
- Uzibona sele eseBhayi uThole ngenxa yeempembelelo zaba bahlobo bakhe phofu engazazi nokuba uye njani. Isizathu soku kukuba aba bahlobo bakhe bamkhwelise emotweni ebheka eBhayi baze bamntyintya ngotywala nto leyo wayengazange wayenza ebomini bakhe.
- Kwelo laseBhayi uThole uzama ukuzenzela ubomi ngokuthi azifunele umsebenzi. Kwakhona kwalapho eBhayi uthi athandane nentombi egama linguNomsa adibene nayo edolophini. Uzibona sele esengxakini yokuphantsa ukubulawa ngumgulukudu onguJoe neqela lakhe. Lo Joe wayethandana noNomsa.
- Uthabatha isigqibo sokuba agoduke nanjengoko wayehambe ekhaya engaxelanga ngenxa yaba bahlobo bakhe bangamatshijolo. Endleleni egodukayo uphinde adibane noThemba noSonwabo, kwakhona bamkhukulisa baya kumlahla kumahlathi aseKnysna engazi kuba babesithi bayagoduka babheka eGcuwa.
- Kuloo mahlathi abahlobo bakhe bathi baqwengwa ziingonyama kwasala iintloko zodwa, uThole yena usinda ngezikaSibi apho. Nalapho eKnysna uzakhela ubomi ngokuthi azenze igqirha. Uphetha sele ephila ubomi obungcono eKnysna kuba wabanemali nemfuyo.
- Iimeko ngeemeko zamenza wafikelela kwisigqibo sokuba agoduke ngeenjongo zokuphindela esikolweni kuba wayesazi ukuba imfundo sisitshixo sokuvula kumahla-ndinyuka obu bomi. Ngoku sele egodukile akukho mntu unathemba lokuba angaze afunde kuba ubonakala emdala engenayo nemali eyaneleyo yokuya kula maziko emfundo ephakamileyo athe waya kuwo.
- Uyise owamkhulisayo uFikizolo yena wayesele eyincamile into enxulumene naye nesikolo sele efuna ukumzekela umfazi. Oku kungqinwa ngamazwi akhe athi, 'uya

Downloaded from Stanmorephysics.com

kuthemba xa efumana incwadi evela kuThole esesikolweni eDikeni'.

- Ngesizathu sokuzibalula kwakhe kwiingxoxo-mpikiswano wachongwa ukuba abe ngumfundi oya kumela isikolo sakhe kwiYunivesithi yaseKapa. Wagqwesa apho waze wonyulwa ukuba aye kumela uMzantsi Afrika kwingqungquthela eyayiseNgilane, waphiwa nesipho-mali sokuba aqhubele phambili nezifundo zakhe ngabafundi baseUCT.
- Wafika wagqwesa nalapho eNgilane waphetha sele ebuya ezilahlele kakhulu kwezakwaLizwi. Kulapho wathi wafumana inkxaso-mali yokuqhubela phambili nokufunda ezakwaLizwi. UMangaliso wafunda kwaNokholeji de waphumelela isidanga seB.A kwezakwaLizwi. Ukufumana kwakhe isipho-mali kwenza ukuba akwazi ukuqhubela phambili nezifundo zakhe phesheya kweelwandle. Waphumelela emagqabini de waba naso nesidanga seMaster of Divinity kunye nesePHD, zozibini ezifumana eOxford University eNgilane.
- Ayikhange ilindeleke into yokuba uThole angaphetha sele engumfundisi ophethe esoyisa neengxaki zaseGeorge Goch ndawo leyo yayidume ngokweyelisela abefundisi kwiziyolo notywala. Ukutshata nokuthandana kwakhe noThozama kube negalelo kwimpumelelo yakhe. Kwimpumelelo yakhe eGeorge Goch udibana noyise ubaw'uMkwayi engalindelanga nawayengasenathemba lokuba uya kuze aphinde ambone.
- Ugoduka sele ephumelele uThole, uhlala eMission eGcuwa nenkosikazi yakhe. Unyana wakhe uThembelani uhlala noyisemkhulu noninakhulu keCentane kuHolela.
- Elokuphetha singathi uThole uthubeleze kwiimeko ezihlininikisayo, kukho imiqobo ebidodobalisa impumelelo yakhe kodwa ngenxa yethemba nokholo ude waya kufika kwincochoyi yentaba, waphumelela, wayimbangambanga yomfundisi onosapho oluzinzileyo. Liyinene elokuba impumelelo isentabeni.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE**

**NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

9.1 Ubotshelelwe kukuthandana noNomsa ekuthe kanti uthandana noJoe osisihange. √ (1)

9.2 Kukumbulala /"kufuneka efile" √ kukumngcungcuthekisa phambi kukuba afe/ " Musani ukuyibhuduzelela le nja iza kusuka ife singekayenzi nto" √ Kukumphosa echibini √

(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

9.3 Yinyani kuba uNomsa uphantse wabulalisa uThole ngoJoe nooPeto bakhe, engakhange amxelele uThole ukuba uthandana nesigebenga √√ /ukuzikhulula ekubethelweni ibhokosi nguJoe uthe lo bhuti wamcenga yena engafuni kuthandana naye. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

9.4 "Kwathi gqi umqokozo wamapolisa … suka zeedungu ezi zihange zabaleka zamshiya ngasemva ebotshwe izandla ngezo ntambo. √√/ "Yamqamangela ngentambo ngokungekho similweni yathi ukuba igqibe yamfak' impama yamkhaba waya kuwa." √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

9.5 UThole ebekulindeleke ukuba afe ngokomnqweno wezihange akafanga, usindiswe kukuthi gqi kwamapolisa bengekafiki echibini ababeza kumbophelela ngelitye bamphose kulo. √√ (2)

9.6 Uphumelele kuba uphela efundela ubufundisi, ekwazi ukutshintsha abantu ababesele bencanyiwe njengabaseGeorge Goch. √√ (2)

9.7 UThole wayenesazela sokuba nguye oqale uJoe ngokumthathela intombi yakhe, uNomsa √√/ UThole wayothuke kakhulu kuba wayengakhange acinge ngokuba ingabasabakho indlela yokuphinde aphuncuke kwezi zihange, emva kokungcungcuthekiswa kwakhe . √√/ UThole wayengathi usemaphupheni engayikholelwa le meko yokusinda kwakhe sele ezinikezele ekufeni. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

9.8 La mazwi azalisekile kuba uye wazibalula esikolweni ngokudumisa iNkosi de wanguSihlalo wombutho we- SCA, wazinikela waya kufundela ubufundisi wasasaza igama leNkosi. √√ (2)

9.9 Izitalato, Albert Street √ /Umfundisi omnyama √ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

9.10 Kwinqanaba lesiphelo √ kweli nqanaba ingxaki umlinganiswa oyintloko ofikelela ekuyiqondeni imeko yakhe √ UThole uyaziqonda ukuba ungumfundisi ophume izandla akukho meko inokumohlula, uphetha eyimbalasane yomfundisi. √ (2)

9.11 Wobuhle √ ukufika kwabo eGeorge Goch babenomtsalane lagcwala ibandla lashushu. √√ (2)

9.12 Ndicinga ukuba uyayixhasa kuba uThole ukhule ethi akuthandaza ahlanguleke kwingxaki akuyo √√ / UThole ukhula enephupha lendoda enomnqwazi wameva ebimhlangula √√ /Naxa sele engene kwinkolo kaNtu, ezenza igqirha uguqulwa libali leBhayibhile lonyana wolahleko, ukuze ayishiye iKnysna agoduke aye kufunda de abengumfundisi wakwaLizwi √√ /Akuzinikela uThole umbhali umenza umlinganiswa osicaba kuba ulunga oko de liphele ibali √√ (2)

9.13 Sisiyolisi, kuba umbhali uyisusile imiqobo ebiphazamisa uThole kwindlela yakhe yempumelelo iphela incwadi onwabile, edibene nosapho lwakhe ehlalisene ngokonwabo nalo. √√ (2)

**[25]**

**OKANYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

## UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo linokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-29.

Umvavanywa makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo ukubonisa imigudu nemiqobo athubeleze kuyo uMfazwe ukuya kufika empumelelweni yakhe.

- Liyinene elokuba impumelelo isentabeni. Imiqobo adibene nayo uMfazwe ayikhange imthibaze ekufezekiseni amaphupha akhe. Uzamile kunzima wade wafika encochoyini yentaba. Owona mqobo endleleni yakhe nguRhulumente wengcinezelo osandla sakhe yayingamapolisa, amajoni kunye neempimpi.
- Uyafunda ade abe ngutitshala wezembali, khondo elo ebengafuni lona kodwa ngenxa yemeko yezopolitiko wanyanzeleka. Oku kumnike ithuba lokuvuleka kwezopolitiko. Ulwazi analo luyamtshisa, uphokozela wonke akufutshane naye, eklasini urhabulisa abafundi, kwigumbi lootitshala urhabulisa oogxa bakhe ukanti nasekuhlaleni akabayekanga abahlali.
- UMfazwe uzibona ebanjwa kuba kusithiwa unyola umbuso esweni ngeemfundiso zakhe de wavalelwa. Emva kokungcungcuthekiswa ngeendlela ezahlukeneyo uyacelwa ngamapolisa ukuba abe ngungcothoza, akavumi. Ukhonjwa kubunewunewu obuphilwa ngooFriday, Ndlela noNtsipho njengendlela anokuphila ngayo ukuba angasamkela esi sicelo. Wazixelela ukuba angekhe athengise ngegazi labantu bakokwabo.
- Uyakhululwa ekuvalelweni ufika litshe liluthuthu ikhaya lakhe. Ufika amapolisa sel' etyale umoya wokuba uyimpimpi. UGaba noCwe xa edibana nabo bamganga ngolu lwimi aphela emqaleni kuye ngesi sityholo afika esibekwa ekuhlaleni. Kwiindibano zoluntu akamkeleki.
- Emva kokuthetha noCwe uya kwintlanganiso eseholweni apho wasinda ngezikaSibi bemthuka bembetha abantu ngokufunzwa nguFriday enye yeempimpi zikaRhulumente.
- Xa etyekezwa ngabantu ngolu hlobo ubalekela emangcwabeni nawo phofu angawathembanga ukuba akangevuki amjikele. Intliziyo yakhe ibuhlungu kuba ebukulwa ngabantu ahlala nabo bambi benjengezihlobo kuye. Iyamkhathaza le nto, ngakumbi xa ecinga ukuya kokwabo.
- Akaphelelanga apho ekumgxothiseni uFriday uye wahlala kwizithende zikaMfazwe enamahlakani akhe. Sibona kwaGaba elala kwimoto endala. Bayafika uFriday neqela lakhe sebejolise imikhono yekati, ngethamsanqa wabe sele ephumile kuloo moto, ekhethe ukubalekela eSihlahleni kwamalume wakhe, engqondweni efuna eyona nto uFriday amzungulela yona.
- Kwincoko yakhe noGaba uve ukuba amapolisa abulele abantwana besikolo. Wazimisela ukuba ngenene uyaya emingcwabeni yabo nangona abantu bakuQaka bemjonga ngeliso lobumpimpi. Siyiva loo nto utat'omncinci kaMachule xa ethetha ukuba kungenxa yale mpimpi ukuze babe bakwazile ukungcwaba ooMachule.
- Emva komngcwabo simbona uMfazwe ecetyiswa nguSiphiwo omde noSiphiwo

Downloaded from Stanmorephysics.com

omfutshane ukuba abaleke xa kucaca ukuba ufunwa ngamehlo abomvu. Ubalekela kwaMfundisi uHlathi ngelokuzisindisa. Apho kwakhona uyajikelezwa nguFriday namahlakani akhe, akukho ukonwaba kuye. Endleleni ezincamayo esiya kujongana ngqo noFriday uphazanyiswa yincwina ephuma emotweni eyiCressida. Uthe efuna ukunceda wabona umngcipheko anokuba uzifaka kuwo wakhetha ukuphindela kwaMfundisi uHlathi.

- Uyabhaca ngokunyanzelwa nguMfundisi uHlathi ngokubona ukuba izihlangu zakhe ezinqongo ligazi zingamfaka engxakini ngokungathi nguye obulele abo bantu. Enye into kuyanyanzeleka ukuba uFriday neli tyholo asithele ngalo bangayekwa nje ukuze abantu bakhululeke kwingcinezelo.

- Endleleni eya elubhacweni zininzi izinto eziyimiqobo kwindlela yakhe. Amapolisa akayenga ukumkhangela ade abe uyatsiba kuloliwe ngobusuku akhethe ukuhamba ngeenyawo. Uyalunyukiswa ngumzingeli ngelithi le ndawo ahamba kuyo ngummandla kafayayo kunjalo nje abasindi abantu kuyo. Ngenxa yoncedo alufumane kumzingeli uMfazwe ukwazile ukumelana namapolisa ayemthelekisa noogxa babo kuloo ndlela iya kujoyina iNtsimb'ebomvu.
- Ngobukrelekrele bengqondo yakhe uMfazwe ukwazile ukubonisa amaqabane ukuba akayiyo impimpi. Uyanyulwa abe kwiqela lokumela uMzantsi Afrika kwisithebe sengxoxo eRhawutini. Ubuya apho uFriday sele eneqela lakhe lopolitiko kodwa uFriday kuyafunyaniswa ukuba unenxaxheba ayidlalileyo ekubulaweni kwabantu. UMfazwe ngoku seyinguye ochophele elo tyala likaFriday njengejaji. Kube yimpumelelo ukukhulula isizwe sabaNtsundu kwingcinezelo yamaBhulu. Satsho sabuya isidima somntu oMnyama.
- Oku kuphumelela kwakhe kungqina ukuba ngokwenene impumelelo isentabeni kuba naku uMfazwe ephumelele noxa imiqobo ebibekwa endleleni yakhe bekungekho lula ukuyisusa.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**OKANYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE**

11.1 UMfazwe uthandana noNokuzola. √ (1)

11.2 Ungenelele kwimikhwazo ethuka amapolisa, ekhalimela isenzo sokubethwa kwalo Mfo ewabiza amagqwirha amapolisa √ /Ubenesibindi angasaziyo wathi liyaxoka ipolisa, olo sizana lubulewe kukubethwa ngamapolisa, aluzixhomanga. √ (2)

11.3 Asiyonyani kuba uNokuzola wayenyanisekile kuMfazwe wambhalela ileta ecacisa ngemeko yakhe wabhaca engayifundanga uMfazwe, ecinga ukuba uthathwe nguFriday. √√ /Asiyonyani kuba ubuye elubhacweni engasaphili uNokuzola kodwa emzalele uZubuye owayengumceph' ucandiwe noMfazwe √√ (2)

11.4 Walixelela ipolisa ukuba liyaxoka ubulewe ngamapolisa lo mfo ubebhonga ngezolo √√ (2)

11.5 UMfazwe ebekulindeleke ukuba abulawe ngokomnqweno weli polisa uye wakhululwa wagoduka, iphela incwadi engadanga wafa koko umzabalazo wakhe wokulwa ingcinezelo uphumelele. √√ (2)

11.6 Akaphumelelanga kuba ubuye esiseleni ebevalelwe kuso, uNokuzola ehleli notshaba lwakhe uFriday eholweni, yena eheshwa okomshologu kusasazwe ngooFriday ukuba uyimpimpi, akaphindanga wadibana noNokuzola, wabhaca ekhathazekile ngumbono kaNokuzola ohleli phezu koFriday. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

11.7 Kukothuka, ubengayilindelanga le mpendulo/ wothuswa kukuva ukuba uza kubulawa. √ (2)

11.8 Abantu abaninzi ababeye elubhacweni babulawa, uMfazwe ubuye eqhwalela, udutyulwe emlenzeni walimala. √√ (2)

11.9 Egumbini lokutyela √ /isikhululo seenqwelo-moya √ /ileta √

(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

11.10 Kwinqanaba lesiphelo √ Kucaca owoyisakeleyo / umlinganiswa oyintloko sijonga ukuba uphelela phi na √ UMfazwe uphela ebuyile elubhacweni ekhululiwe amabanjwa ebelwela inkululeko. √ (3)

Downloaded from Stanmorephysics.com

11.11 Wobuhle √ Unovakalelo lothando uMfazwe kulandela isiganeko sokudityaniswa kwakhe nonyana wakhe kaNokuzola nguCikizwa √ (2)

11.12 Uyawuxhasa kuba umlinganiswa ophambili uMfazwe umphephisile kwiimeko ezinobungozi athubeleze kuzo de wasinda wabuya ephile ephumelele. √√ (2)

11.13 Sisiyolisi kuba liphela uMfazwe esindile wabuyela kwilizwe lakhe √√ (2)

**[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

**UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI – MMI Swana NABANYE**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimendulo ezahlukileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama 29 ukuhlola lo mbuzo.

- Liyinene elithi impumelelo isentabeni. Imiqobo adibene nayo uGxuluwa ngexesha edibana naBathwa khange imthibaze ukuba anikezele ngobomi bakhe kodwa uye wenza amazwembezwembe okuzisindisa kwiintshaba zakhe.
- UGxuluwe ube ngumzingeli odumileyo wakwaRharhabe kwaye elutshaba lwento yonke esisilwanyana sasendle.
- Ubengumfo ongxolisiweyo ngenkangeleko ngenxa yeemeko aphila phantsi kwazo njeengoko ebengenalo ikhaya ehlala endle.
- UGxuluwe ngalo mhla wayezingela inyathi ehamba namadodana amabini, uMavivi kaXhongo noKhweza into ka kaGxugxa.
- Bafika xa libantu bahle bayibetha inyathi kwisixhotyana esibuwana esiphezu komlambo.
- Kuthe gqi abaThwa, babuzile ukuba ungumntu waphi, usebenzise iqhinga lokuzisindisa waphendula ngelithi ungumntu waKwaNdlambe njengoko aBathwa namaRharhabe bebeyinyoka nesele kungekho osindisa omnye xa bethene nqwakaqha, kodwa ubeye asinde yena umNdlambe.
- Baye babukela abaThwa ngelixesha amaRharhabe exhela le nyathi ayibambisileyo, ze abathwa bancaza indarha.
- UGxuluwe uye wacinga icebo ngokukhawuleza ze waphendula ngelithi bayishiye ekhaya kwaye uya kuthuma omnye wabo ukuba aye kuyiphuthuma, kodwa wamqobozela iliso ukuba ukuba aze angabi sabuya.
- AbaThwa baye abamkholwa uGxuluwe bacela ukuba ababoleke izikhali zakhe waza wabaphosela umkhonto kodwa bakhongoza becela ukuba anikezele ngazo zonke izikhali kubo.
- Ukunganaknizi ngexesha befuna izikhali zakhe kuye kwamnceda kuba kuthe emva kwexesha wabuya waziboleka ngelithi ufuna ukunqemela izinja zakhe isikhumba.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- Baye bamnika izibini waza wakhala ngokubabuthuntu kwazo, waphinda wacela kwakhona ukuba bamboleke iintshuntshe zibembini baza benza njalo.
- Usebenzise elo thuba wazilola izikhali amane ukuzivavanya ubukhali esikhumbeni esika aphosele izinja, uqhubeke de zayintshengeca ngobukhali.
- Kuvakele intwana yomThwa isithi makabulawe uGxuluwe kuba ikhona into acinga ukuyenza ngezi zikhali azilolayo, kodwa abanye babo bathe makulindwe kuqale kufike indarha njengoko bekungekho nto ebebeyithanda ukugqitha yona.
- Bebemana ukuhlekisa nangeliso likaGxuluwe elityhaphakileyo kwaye bemkrokrela ukuba ungumRharhabe.
- Ide yaphumisela enye intwana yomThwa ngelithi makathethe inyani yokuba bangabahambi bobabini apho kodwa wema kwelokuba ungumNdlambe yena.
- Ibuzile enye ngokudikwa okukhulu ukuba iphi kanti le ndarha, waphendula ngelithi inokuba useDidima umntu oyiphuthumileyo.
- Uyewaqhubeka umbuzo usabuza le nto inye, wasoloko ebexelela ngeendawo acingela ukuba sele ekuzo lowo bamlindileyo.

**ISIBONGO**

- Liyinene elithi impumelelo isentabeni. Imiqobo adibene nayo amaRharhabe ngexesha ngexesha engquzulana namaLawu kunye nabaThwa khange ibathibaze ukuba banikezele koko banyamezela de bazosela iintshaba zabo.
- Mandulo kweza uRharhabe nabalandeli bakhe bafika babeka ubilo kwintaba kaNdoda, babevela kwaPhalo phesheya koMlambo.
- Babengaboni ngasonye noGcaleka nangona bababephuma kuPhalo bobabini.
- URharhabe ugqibe kwelokuba ibe likhaya labo iNtaba kaNdoda kuba kwakusele kulithuba behamba behlala.
- Uthe mabakhe imizi, balime kule mimandla irhangqe le Ntaba kaNdoda, latsho ithole lomthonyama likhomba iziphaluka eziphahla iNtaba kaNdoda.
- Kulapho yaqala khona impalalogazi, amaLawu ayengafuni nokuva ngukuhlala kukaRharhabe kule ntaba.
- Yaqala imfazwe phakathi kwamalawu noRharhabe, laphalala igazi, bafa abantu okwezinambuzane.
- Kungekudala lwadilika udonga kwicala lamalawu, baqalisa bangenelela abaThwa, zanqoza kwakhona kuhlaselwa umXhosa.
- Zanqoza kwacaca icala, babaleka abaThwa bayifulathela loo ntaba.
- Zahamba iintsuku izidumbu zilele kuloo ntaba, zabola abasindileyo bona babephefumla nzima.
- Baberhaxwa livumba lezo zidumbu zabafi, amathambo ahlala ixesha elide engangcwatywa ngenxa yokuba maxhaphetshu.
- AmaLawu ambalwa ayesinde ngokulambisa, waye wadala uxolo uRharhabe, kwaxolelwana.
- Wananisa ngeenkomo kwinzwakazi eyayilawula ukuze azuze umhlaba.
- Wabe ngolo hlobo uRharhabe uyayizuza le ntaba phantsi kweenzima zokusweleka kwabantu ngenxa yokuyithanda.

Oku kuphumelela kukaRharhabe kungqina ukuba ngenene impumelelo isentabeni kuba naku ephumelele nangona bekungekho lula.

(Nayiphi impendulo echanekileyo) **[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana NABANYE**

13.1 Babetshatile, isikhukukazi singumfazi kakhetshe. √ (1)

13.2 Isisombululo kukohlukana nesikhukukazi/ “ukususela namhlanje thina sobabini sohlukene” √ Ookhetshe baya kutya abantwana beenkuku de kuvele esi sitshixo silahlekileyo. √ (2)

13.3 Yinyani belunganyanisekanga kuba xa ukhetshe ubenothando olunyanisekileyo ubengenolahla umfazi, ngemncedisile bakhangela bobabini. √√ Isigwebo sokutya abantwana beenkuku esiwiswa ngukhetshe siqatha kakhulu ibonisa ukuba uthando lwabo beluxhomekeke ekwenzeni okulungileyo kwesikhukukazi kuphela √√ Asiyonyani belunyanisekile koko ukhetshe simcaphukise kakhulu isimbo sobutshinga bomfazi esikhokelele ekufeni komntwana nasekulahlekeni kwesitshixo. √√ (2)

13.4 “Akuyibona le ntlekele wavutha ngumsindo engxolisa umfazi”. √ (2)

13.5 Kukulahleka kwesitshixo. √
Kukubhubha komntwana ngenxa yendlala. √ (2)

13.6 Uphumelele kuba unanamhla ukhetshe usabatya abantwana benkuku. √√ (2)

13.7 Waba nomsindo ongalawulekiyo √√ / waba nomsindo kakhulu √√/ wacaphuka kakhulu √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

13.8 Ingxabano yenu nenkosikazi mayingabachaphazeli abantwana kuba baya kubanoxinizelelo ngokwasengqondweni √/ Abantwana bayangcungcutheka ekubeni bemsulwa kwesi senzo √ / Abantwana abenzanga nto mabangafumani isohlwayo sokutyiwa √.

(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

13.9 Isiqalo – Imbongi iqala ngokucela uhoyo iboleka iindlebe √
Isiphelo – Ibonisa ukuba iyaphela, isebenzisa izikhuzo √ (2)

13.10 Uphindaphindo lwemiqolo- Impinda √ - imbongi igxininisa/ ibethelela √ uluvo lokuba butywala bomlungu obungunobangela wokuwohloka nokuphela koluntu. (2)

13.11 “Mz’ oNtsundu √ Mzi wase-Afrika√ hlang’ oluNtsundu √ iAfrik’ emnyama √”

(Nasiphi na isithathu kwezi) (3)

13.12 Lulutsha kuba imbongi ithi amagatya amatsha aqhuzukile. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

13.13 Sifunda ukuba utywala bomlungu abulunganga masizinxweme kubo kuba buyaligqiba ikamva lomntu nokuba sesisifundiswa. √√ (2)
**[25]**

## ICANDELO C: IDRAMA

## UMBUZO 14: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

## BUZANI KUBAWO – WK Tamsanqa

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njenge sikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-29 ukuhlola lo mbuzo.
  Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo xa etyhila imigungqo kaZwilakhe ukuzalisekisa la mazwi akhe athi uza kuyimela le nto akakhathali nokuba umntu sele esithini.

- La mazwi athethwa nguZwilakhe, eqinisekisa uMaGaba inkosikazi yakhe ukuba akasayi kuphambuka kwisibhambathiso asenze naye sokuzekela uGugulethu uThobeka, intombi kaMcothama, enconywa nefunwa nguMaGaba ukuba ize kurhuqa amajalimane apha kwakhe. Uzotywa abe ngumlinganiswa olandele igama lakhe oneenkani, ufuna kugqube ilizwi lakhe lodwa. Ume kwinto ethi ulandela lisiko lokubonela. Uncamathele kwizimvo zikaMaGaba kuphela, uGugulethu, abaninawa bakhe noMzamo umhlobo kaGugulethu kuquka nomfundisi obetshatisa ecaweni uGugulethu akabamameli. Ezi nkani zakhe zimkhupha kwisiphelo esihlasimlisa umzimba.

- UZwilakhe emva kokuthetha noMaGaba ngomcimbi wokuzekela uGugulethu uyambiza uGugulethu amxelele ngokuba kufuneka azeke. Akuthi uGugulethu ubelinde kubo umxelela ukuba akayontanga yakufunzwa. Loo mazwi ammilisa amaphiko uGugulethu aqonde ukuba makenyuke nengalo kuNomaMpondomise ogqiba kwamkela uthando lwakhe. Uyaqiniseka ukuba uyise umnika ilunda lokuba azeke intombi ayithandayo.

- UZwilakhe uhlanganisa amaHlubi malunga nenyewe yokuzeka kukaGugulethu. Uyawandlala umcimbi uMthetho ambuze ukuba ingaba bakhe badlana indlebe na nonyana ngalo mcimbi, unyana ukhe wamhlebela na ukuba kukho intombi esele imphandlile. Impendulo yakhe iyawothusa amanye amaHlubi kuba uvakala engazimiselanga kubandakanya Gugulethu kumcimbi wokubona intombi uthi ngumcimbi wooyise.

- UGugulethu ucela umcimbi wokubona umfazi uyekelwe kuye. Yena uze ngethemba lokuba uza kunikwa ithuba lokuveza olwakhe uluvo ukuze athi thaca intombi kaLangeni emphandlileyo. Ngelishwa uyise uzalela endle akazimisele kumamela zimvo zikaGugulethu kulo mcimbi.

- Uyaphinda azame ukumcenga uGugulethu uyise emthutha ngeziduko kodwa utsho kwinkqantosi, engazimisele kucengeka.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- AmaHlubi ohlulelana phakathi, uMthetho amtyhola ngelithi usanda kuzekela unyana wakhe umxelela phandle ukuba unyana wakhe uzibonele intombi ayithandayo, ze yena wababiza ebolathisa kwintombi ethandwa ngunyana wakhe. UZweni ulubeke elubala olwakhe uluvo oluchasa isiko atshila ngalo uZwilakhe, esithi asilosiko eli alenzayo, ngumkhuba. Uchaza ukuba amaxesha ngamanye kufuneka agawule ebheka kuba iziqhamo zalo mkhwa azama ukuwenza ziba zibi kakhulu, akazimiselanga kucebiseka uZwilakhe.

- UGugulethu uyaluveza uluvo lwakho lokuba akayifuni le ntombi anyanzelwa ngayo yaye akasayi kuze aphinde athi uyayifuna. Uyikhaba ngawo omane uGugulethu le ntombi ifunwa nguyise nonina. Yena ukholelwa ekubeni atshate nomntu amthandayo. Kunjalo uyise, uZwilakhe uyanyanzelisa ukuba makazekelwe le ntombi kaMcothama unyana wakhe.

- UGugulethu ufikelele kwimeko yoqhankqalazo, uthi makubuzwe kuyise yonke imibuzo ebuzwa kuye. Ayimkhathazi le meko kaGugulethu uZwilakhe kuba akafuni kuzenza ixoki kuMaGaba. Kufika uMzamo kuGugulethu ukwimo engaqhelekanga yokungathi ushiywa zingqondo. Xa ebuza unobangela wolu nxungaphalo uthi, “Buzani kubawo”. Uyaphuma aye kubazali bakaGugulethu ngeenjongo zokubuza unobangela wale meko ingaqhelekanga kaGugulethu. Uyise uyamxelela ze yena Mzamo acebise ngelithi ngeyekwa athathe intombi akholwa yiyo, ayiveze into ethi ikho intombi ebesele eyixokisile. UZwilakhe akacebiseki kuMzamo. UMzamo umxelela ukuba isala kutyelwa sibona ngolophu. Ubanomsindo uZwilakhe amgxothe uMzamo.

- Uyaqhuba nokuthatha amanyathelo okuthumela amaHlubi kwaMcothama. Kwintlanganiso equlunqa umcimbi wokuya kwaMcothama uyabuzwa uZwilakhe ukuba unyana ukhe wadibana na nentombi de kufikelelwe kwinto ethi makaye kumbiza uZweni. Ufika ejongise umetyiso phezulu, engamjongi nokumjonga xa athetha naye. Uthi akezi xa ebizwa. Akothuki sesi simo uZwilakhe uthi ubebathele nqa ukuba bambizelani. UZweni uyamcebisa kwakhona uZwilakhe, ebonisa iziphumo ezibi ezenziwa kukunyanzela abantwana beli xesha lokhanyo ngentombi angayifuniyo, akungacebiseki uyazikhupha, ezakhe izandla uyazihlamba kule nyewe yakwaZwilakhe, ngelithi abogawula ebheka.

- Kuthunyelwa uNyaniso noMthetho baye kucela ubulawu kwaMcothama.Ubuhlobo buyamkelwa nangona kukhe kwakho ukuthandabuza kuba intombi isithi ayazani nalo mfana.

- Ngemini yomtshato, Gugulethu uya eCaweni ebophe isandla abhala ngaso. Akavumi ukulandela amazwi kamfundisi. Uthi makubuzwe kuyise. Akubhideka umfundisi, uyamqweqwedisa uZwilakhe ukuba makaqhube angamhoyi. Kwakufikelele kwithuba lokuba asayine akasayini uGugulethu uthi wenzakele, uZwilakhe uyamsayinela.

- UNomaMpondomise uthenga iphephandaba, afumanise ukuba kubhubhe uMzamo xa bekutshata uGugulethu. Iyamothusa atsho esofelweyo isikhalo ekhombisa abazali bakhe ephepheni, ecela uxolo. Wothuswa kukutshata kukaGugulethu nenye intombi ekubeni yena ekhuphe iinkomo zikaMcunukelwa ngethemba lokungena kwezo zamaHlubi. Umangalela uGugulethu ngokophula isithembiso. Umantyi uyamgweba uGugulethu, uZwilakhe uyamkhupha ngemali. Uzeyelisela emlanjeni afe uNomaMpondomise noMaNyawuza, unina uyothuka afe.

Downloaded from Stanmorephysics.com


- Emva komtshato uGugulethu utshipha eMthatha iminyaka eli-12. Ushiyeka uThobeka esanda ngaphandle koGugulethu de abenabantwana abathathu. UZwilakhe uthumela UNyaniso noMthetho baye kumphuthuma. Uyala ukubuya.

- Abaninawa bakhe ebebathumile bayamxelela ukuba ukavumi kubuya uGugulethu, UZwilakhe ugrogrisa ngokuthumela uThobeka nabantwana abangengabo abakaGugulethu kuGugulethu, Uyanqandwa nguMthetho esithi angakhe alinge ayenze loo nto. Akamameli utyhala ngesifuba ngelithi yena udikiwe kukondla abantwana benye indoda. Ulilisela ngelithi Thobeka akanalo nelincinci ityala kuba xa ebengatshiphanga uGugulethu ngekungenje. Bayazihlamba nezabo izandla baphume belandelana, uNyaniso noMthetho, besithi uZwilakhe uyamlinga noko uGugulethu, angade angcole yile nto amenza yona.

- Uthumela uThobeka nabantwana abathathu abangengobakaGugulethu eMthatha kuGugulethu. UGugulethu ubaxabela ngezembe bobane kubusuku bokuqala befikile. Uzisa kuBaleni ukuba makamqhube aye kumbambisa.

- Iziphumo zokungafuni kumamela mntu umchasayo uZwilakhe zibe kukufa kwemipefumlo emininzi. Kufa uMzamo, uNomaMpondomise, uMaNyawuza, UThobeka nabantwana bakhe, uMaGaba noGugulethu uGwetywa intambo. UZwilakhe ushiyeka elilolo kungasekho mntu ecaleni kwakhe.

- Imigungqo kaZwilakhe ukuzama ukubambelela kumazwi, athi akakhathali nokuba umntu sele chasa uza kuyimela into yokuqweqwedisa unyana wakhe atshate lo mntu ufunwa ngabo akhokelele kwindyikitya yokufa kwabantu abangenatyala kuquka neemveku ezintathu ezingazi nto. Kubalulekile ukuzihluza izimvo zabantu, nokujonga ukuba izigqibo azithathayo umntu zakuba nesiphume esinjani.

(Nayiphi impendulo echanekileyo) **[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE**

**BUZANI KUBAWO – WK Tamsanqa**

15.1 Kukukhupha iinkomo zikaMcunukelwa √ / kukungatshatwa nguGugulethu sel' ekhuphe iinkomo zikaMcunukelwa. √ Kukuzibulala ngokuzeyelisela emlanjeni. √ (2)

15.2 Uza kubangela ukuba ndingatyi kutya kuhlayo, ndingalali buthongo buhlayo √/ Mna akuhli ngoku ukutya endikutyayo √. /Andisathethi ke bona ubuthongo, ndithi ndakucinga ngawe bumke bonke. √ (2)

15.3 Kukunyanzelwa ngenkani ukuba atshate uThobeka angamthandiyo nguyise.√ /Kukuqhubeka komtshato ecaweni nangona engavumi ukulandela amazwi kamfundisi. √ / Kukunyanzelisa kukaZwilakhe de amsayinele ngokwakhe xa ebophe isandla engasayini esithi ulimele. √ / Kukuhlatywa komhlobo wakhe uMzamo asweleke. √ Kukuzeyelisela kukaNomaMpondomise osisithandwa sakhe asweleke. √ Kukuthunyelelwa kwakhe uThobeka eMthatha sele ebhacile wambaleka√ Kukugwetywa kwakhe intambo akubulala uThobeka nabantwana bakhe abathathu. √

(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

15.4 Kukuba ngumbulali √ kuba ubulele uThobeka nabantwana bakhe √ (2)

15.5 Kungokuba sele elotyolwe nguMcunukelwa angamthandiyo. √√ (2)

15.6 Awuphumelelanga kuba uZwilakhe wanyanzela uGugulethu ukuba atshate uThobeka ekubeni uGugulethu sel' ecele umtshato kuNomaMpondomise. √√ (2)

15.7 Lo uthetha kwisicatshulwa uneenkani, unyanzelisa ukuba kwenziwe ngokwelizwi lakhe, ukanti uZwilakhe wamhla kugwetywa uGugulethu ululamile uyazisola ngesenzo sakhe, ucela kuxhonywe yena. √√ (2)

15.8 Sesokuthunyelwa kukaNyaniso noMthetho ukuba balande uGugulethu eMthatha, ze yena walandula. √√ (2)

15.9 Sesokufa kukaMzamo √ esokufa kukaNomaMpondomise √ nesokufa kukamama kaNomaMpondomise √ (3)

15.10 Ngumlinganiswa oyintloko √ kuba nguye umsunguli wentshukumo ekhokelela kwimpixano esencwadini. √ unento ayinqwenelayo utyhala ngesifuba, uxolele ukujinga iliso wenza imigungqo yokuba yenzeke le nto ayifunayo ikukutshatisa unyana wakhe ngenkani nentombi ethandwa nguye. √ / Ibali liqala ngaye liphele ngaye eshiyeke elilolo √ /Unomchasi onguGugulethu√ /Xa inokunyothulwa indima yakhe apha ebalini ibali alinakuqhubeleka. √

(Naluphi uphawu oluchanekileyo) (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

15.11 Wajika kwizenzo zakhe ngokuthi aqonde ukuba nguye unobangela wokuba uGugulethu abulale uThobeka nabantwana √√ (2)

15.12 Ikulungele kuba ifundisa ukuba wonke umntu unelungelo lokuba izimvo zakhe zimanyelwe. √√
abadala mabazimamele izimvo zabantu abatsha ukuze isizwe sakheke √√ / iinkani azakhi koko zikhokelela kwiziphumo ezimasikizi

(Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka) (2)
**[25]**

**UMBUZO 16 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

**INDLAL'INAMANYALA – M LAMATI**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama- 29 ukuhlola lo mbuzo.

Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo xa etyhila imigungqo kaMamQhinebe ukuzama ukohlukana nendlala abesisityebi.

- La mazwi athethwa nguMamQhinebe ewabhekisa uMaGatyeni umhlobo wakhe, uzama ukumrhwebeshela kumsebenzi wokuba abantwana nanjengoko eyalelwe ukuba makazame omnye umntu ongumama abaza kusebenza kunye lo msebenzi.
- UMamQhinebe noMaGatyeni bafundisa abantwana babo nzima bethwalela abantu imithwala erenkini. Banethemba lokuphumla xa bepasile abantwana babo, bafumana umsebenzi.
- Ithemba labo liyatshabalala xa bengafumani msebenzi abantwana babo, uSiqhiwu noSiphokazi begqibile ukufunda. Babhenela ekuphindeleni kumsebenzi uSiqhiwu awubiza ngokuba ngumsebenzi wobuxelegu, wokuthutha iimpahla erenkini kuba ikati ayisuki eziko.
- UMamQhinebe litshabalala mpela ithemba lakhe akufumanisa kwiintetho zikaSiqhiwu ukuba akazimiselanga kunyoba ukuze afumane umsebenzi. Uyibona iyinto efanelekileyo into yokunyobela umsebenzi nangona isisimbo sokwaphula umthetho. Uthi kuSiqhiwu, "Xa abanye abantu bewufumana umsebenzi ngokunyoba, yintoni enokubangela ukuba wena anganyobi?"
- Ukungakwazi kukaMamQhinebe ukuzeyisa kumenza abe sisisulu sokulukuhlwa nguDlezinye osebenzela uMagrazula. Kufika uDlezinye ozenze ixhego elithunywe nguThixo ukuza kumkhupha endlaleni. Uyayikholelwa yonke into ethethwa nguDlezinye kuba emthembisa ngobutyebi. Akabizi noMaGatyeni aze kummamelisa le nto ithethwa nguDlezinye, umgxotha okomshologu engafuni angene nasendlwini, umnika imilimili ngephepha layo, amvalele ngaphandle.

Downloaded from Stanmorephysics.com


- UMamQhinebe uphekwa kwaBhaca enikwa umsebenzi omanyumnyezi wokuba iintsana azise khona, zibulawe kwenziwe amayeza. Uti gabhu kurhwaphilizo esetyenziswa nguDlezinye noMagrazula. Urhwebesha uMaGatyeni, emgxagxamisa ukuba amncedise kumkhuba wokuba iintsana.

- Akubonakalisa ukungayiqondi le ndlela uMaGatyeni umgrogrisa ngelithi makabuyise zonke izinto ebefudula emnkinkqela zona zokutya. Siyamothusa esi simo uMaGatyeni kuba esithi sisenzo esingafanelaanga ukwenziwa ngoomama bebhatyi. UMamQhinebe umtyhafisa kuqhankqalazo lwakhe ngelithi baza kukhuthuka amadolo yena uluphumo kuloo nto yaloo bhatyi ingazi kumzisela mali. Uyoyela kulo mhadi uMaGatyeni noxa intliziyo yakhe ingavumi kuba akanandlela yokubuyisa izinto zikaMamQhinebe.

- Uqweqwedisa uMaGatyeni amfake kulo msebenzi, umthembisa ngobutyebi abaza kubufumana, batsho bathenge izindlu zodidi eNorth Crest

- Uqweqwedisa uMaGatyeni baqale ukuba usana lukaNoziphongo noMakwedinana, beluthatha kuPixie olugcinayo. Balusa kwaBhaca babuya nemali. UMagrazula uyambona uMaGatyeni ukuba akakhululekanga, ubuza kwisicaka sakhe esithembekileyo esinguMamQhinebe. Uphendula ngelithi uthundeza ubhityo, ukhangeleka ebhetyebhetye uMaGatyeni, inoba ufuna ukuqiniswa naye.

- UDlezinye encedisana noMamQhinebe uyamqinisa uMaGatyeni, akuwufeza umyalelo wokugabha nokuhlamba ngenqwebeba usiwa kuMagqwirh' ayaqhubana ukubhek'eBhijolo esizibeni balebele ngokusa ehlathini kuBantu-baza-kuthini, ehlathini. Ufumana isibindi ahambe ngezantya xa kuya kuba usana olulandelayo.

- Ubanomsindo uMamQhinebe xa uSiqhiwu efunda ephepheni ngomkhwa okhoyo wokubiwa kweentsana kodwa akazimisele kuwuyeka. Ungxolisa uSiqhiwu ngelithi makaphume nephetshana lakhe elimdaka angaphindi alibone apha kwakhe.

- Bayabona ukuba abantwana banomnqa ngale ndlela bayihambayo, bangade bakrobeleke. UMaGatyeni uza neqhinga lokuba mababaqhathe abantwana babo ngelithi bahamba eMzamba ngobusuku, imali bayifumana apho.

- NguMaGatyeni osel' eyintsholontsholo kulo mcimbi, ekhuthaza uMamQhinebe ukuba bahambe bayozingela ixhoba kwaLink. Babetha uNomakula ngehamile babeleke usana bahambe nalo. Usana aluthuli erenkini de amapolisa abakrobela babanjwa. Batyhola indlela ukuba inamanyala.

Icebo likaMamQhinebe aza nalo lokuzabalezela ukuba babezezingawothiyo umlilo izityebi aliphumelelanga kuba babanjwe ngamapolisa besekwelo phulo lokuthuthela iintsana kuMagrazula kwaBhaca. Oku kubonisa ukuba akulungangaukuzama ubutyebi ngeenyembezi zabantu.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 17: UMBUZO OMFUTSHANE**

**INDLAL'INAMANYALA – M LAMATI**

17.1 Bakhula besokola kowabo befunda nzima kodwa ngoku kunzima ukuba bafumane umsebenzi. Abantwana abagqibe ukufunda emva kwabo bayaphangela kodwa bona abakaphangeli.
(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

17.2 Abazizityebi baphila bhetele njengoMaqhikizane onemali, engacingeli amahlwempu asendlaleni. √ Amahlwempu asetyenziselwa ukusebenzela izinhanha ezinjengoMagrazula esenziswa imisebenzi yolwaphulomthetho. √ (2)

17.3 Zezokuba kanti kukho abantu abaqeshwayo njengoThembinkosi Mazeleni ophume emva kwabo esikolweni, emva kokusokola kwabo kangaka. √√ (2)

17.4 Unyanisile uSiphokazi kuba kukuzenzela amashwa ukukhuthuza abantu, kubhetele ulale ungatyanga kunokuba kubekho abantu abalilayo emva kwakho.

(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

17.5 Bathwala imithwalo yabantu edolophini √√ /bathengisa iibhotile namathambo. √√ (2)

17.6 Abonwabanga kuba bayakhalaza ngendlela ekuqashwa ngayo nguMaqhikizane. Bacinga nendlela enzima abafunde ngayo kodwa kunzima ukuba mabaqeshwe.
(Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka) (2)

17.7 Ngomhla ekwakufika ngayo uSiqhiwu okokuqala wayephakamile, enomsindo esithi akanaxesha lezibhadubhadu ezingayaziyo into eziyifunayo, lo ukwesi sicatshulwa umbuna iliwa libhek' umoya ulindele esigwebo sakhe kumantyi. √√ (2)

17.8 Sesokugwetywa kukaMaqhikizane iminyaka esibhozo, ngaphandle kwentlawulo esebenza nzima entolongweni. √√
Waphumelela kuba baxelele amapolisa ngorhwaphilizo lukaMaqhikizana ze amapolisa ambamba uMaqhikizana bona bawufumana umsebenzi. √√ (2)

17.9 Kukunyobisa uThembinkosi amfake emsebenzini. √ / Kunyobisa uSiqhiwu ngecuba lekhulu leerandi√ Kukunika uSiphokazi imali akuthi isicelo sakhe usamkele. √ (3)

17.10 Ngumlinganiswa oligorha okrelekrele okwaziyo ukuyimela inyaniso kuba ukwazile ukumelana noMaqhikizane de wabanjwa. (2)

17.11 Sesokuba uMaqhikizane afune ukuthandana noSiphokazi emthembisa ngokumnika imali, nokumqesha √√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

17.12 Ikulungele ukufundwa kule mihla kuba ifundisa ukuba xa ubekwe esikhundleni kufuneka unyaniseke, unganyoluki kuba umvuzo wolwaphulo mthetho kukufumana isohlwayo.√√/Ikulungele kuba ifundisa ukuba abantu mabawalwele amalungelo abo njengoSiqhiwu. √√ /Ikulungele kuba ifundisa ukuba imali eza ngeenyembezi ayinantsikelelo. √√

**OKANYE**

Ayikulungelanga kuba abanye bangafunda ukunyobisa kodwa bazigade bangabaxi izinto njengoMaqhikizane. √√/ Abantu bangenza ukungcola bokusebenzisa abantu abasokolayo ukuze bona batyebe kwaye bangaze babanjwe, njengoMagrazula koMamQhinebe. √√ (2)

**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO A: IRUBRIKI YESINCOKO SONCWADI: ISIHOBE [10 AMANQAKU]**

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **5–6** | **4** | **3** | **2** | **0–1** |
| Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo indlela azakuzela ngayo ingxoxo ukuwulandela kakuhle umhobe.<br><br>**6 AMANQAKU** | - Isihloko sitolikwe ngokunzulu.<br>- Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo<br>- Kusetyenziswa isihobe<br>- Impendulo ibonisa ulwazi olugwesileyo lwesihobe. | - Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>- Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo<br>- Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko bekufanelekile<br>- Impendulo ibonakalisa ulwazi lwesihobe. | - Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo<br>- Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle<br>- Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo<br>- Impendulo ibonakalisa ulwazi olusisiseko sesihobe. | - Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo<br>- Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko<br>- Impendulo ibonakalisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe. | - Akanalwazi kwaphela ngesihloko<br>- Impendulo ayikho mxholweni wesihobe.<br>- Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe. |
| | **4** | **3** | **2** | **1** | **0–1** |
| **ISAKHIWO NOLWIMI**<br><br>Isakhiwo, ukuthungelana kwezimvo nendlela yokubhala. Ulwimi ithoni nesimbo sokubhala isincoko<br><br>**4 AMANQAKU** | - Isakhiwo siyathungelana.<br>- -Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo<br>- Ulwimi ithoni, nesimbo zivuthiwe, zinomtsalane zichanekile<br>- Igrama, upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela. | - Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana<br>- Ukuthunegelana kwengxoxo kuyalandeleka.<br>- Ulwimi, ithoni nesimbo zichanekile ubukhulu becala. | - Bukho ubungqina besakhiwo<br>- Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana<br>- Kwezimvo.<br>- Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu. | - Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo.<br>- Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko.<br>- Bukho ubungqina beziphene zolwimi.<br>- Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga. | - Isakhiwo sife amanqe<br>- Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga |

**QAPHELA:** Ukuba umviwa akawuchaphazelanga nakancinci umxholo, ubhale nje isincoko makanikwe i-0 kumxholo, isakhiwo nolwimi.

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI, UNCWADI LWEMVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]**

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **12–15** | **9–11** | **6–8** | **4–5** | **0–3** |
| **15 AMANQAKU** | - Impendulo igqwesile 14–15<br>- Impendulo ebalaseleyo. 12–13<br>- Ukutolikwa okunzulu kwesihloko<br>- Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi.<br>- Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi. | - Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo.<br>- Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo. Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile.<br>- Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi. | - Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu.<br>- Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko<br>- Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka.<br>- Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga. | - Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo.<br>- Ambalwa amanqaku axhasa isihloko.<br>- Iimpendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu.<br>- Luncinane ulwazi ngejenre netekisi. | - Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko.<br>- Iimpendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo.<br>- Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke.<br>- Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi. |
| **ISAKHIWO NOLWIMI** | **8–10** | **6–7** | **4–5** | **2–3** | **0–1** |
| **10 AMANQAKU** | - Isakhiwo siyathungelana.<br>- Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo.<br>- Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo<br>- Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile. | - Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle.<br>- Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano.<br>- Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo.<br>- Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe<br>- Ngokuchanekileyo ikakhulu. | - Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga.<br>- Unamathelelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene.<br>- Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu.<br>- Imihlathi ichanekile ikakhulu. | - Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo.<br>- Izimvo azithungelelani kakuhle.<br>- Iziphene zolwimi ziyabonakala.<br>- Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga.<br>- Imihlathi ineziphene. | - Ukungabikho koyilo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo.<br>- Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo.<br>- Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala<br>- Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka. |
| **AMANQAKU** | **20–25** | **15–18** | **10–13** | **6–8** | **0–4** |

**QAPHELA:** Umahluko wamanqaku phakathi kwelesakhiwo nolwimi kunye nelomxholo mawungaqaqelani ude udlule amanqanaba amabini kwisincoko esinye. Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepa lesithathu, mnike u-0.